

INGCIKIVO NGENXA YELIZWI



Enkosi, Mzalwana uNeville. [UMzalwana uNeville uthi, “Amen.”—Mhl.]

Ndithe kuMzalwana uNeville, “Uqinisekile akunantwana yentambiso ngale ntsasa?”

² Ndehlile ukuza kuthandazela abagulayo. Bekukho abantu abathile behlangene koko thina . . . kwentseni yangeCawa. Oko ndifanele ndikubambe phaya, ndibenza nje beze apha ebandleni. Kwaye ndi—ndisoloko ndicinga kungcono ukuthandazela abagulayo khona ebandleni. Andiyazi. Ndiyalthanda ibandla, kwaye ukuza ukwehlela apha apho irhamente, abantu phandle apha bethandaza.

³ Kwaye bekukho intombazana encinci emva phaya, eyona intle intombi encinci, kutheni, ndicinga ihleli ndaweni ithile phandle apha ngoku, ukuba abantu abagodukanga. Owu, ndiyabona ngoku. Kwaye yeyona intle into encinci. Kwaye igula kakhulu. Sasimamele, xa seva umyalezo weelwimi kunye notoliko luphuma. Kwaye sasimamele, saza sacinga siyakuqonda okokuba into ethile yayithethiwe malunga nentombi encinci. Kwaye sasilinde ukubona ukuba iNkosi inike umyalezo, omawutshiwo khona phaya. Kodwa ndiyacinga intombi encinci iphilile kanye ngoku, kwaye izakuphila. Kwaye ke . . .

⁴ Kwakukho inenekazi elaliphulukene nokubona kwalo, kananjalo, kwaye sasilithandazela. Kwanenye ethile indoda kwinqwelo yezigulana phandle phaya, umlungiseleli. Andiqajiseli indoda yayinokuba nobunzima obungamashumi amathathu anesihlanu obunzima, okanye amashumi amane. Nje—nje kakhulu, kakhulu . . . Kwaye ke ndeza ndehla ukuya kubathandazela.

⁵ Kwaye isizathu bendibuthandabuza, kakhulu, isivali sawa emazinyweni am. Kwaye ndibizela umlozi kum, ngale ntsasa, ukunqumleza la ndawo emazinyweni am phaya, ngaphambili phaya. Kwaye bayandixelela ngoku kufanele ndiwenze akhuhlwe, kwaye iziciko zifakwe ngaphezu kwawo. Kwaye ke obubudala beminyaka buyachwehwa, kuphela kwento endiyaziyo ngoku. Kwaye ndinesivalo kweliya, ngahlobo luthile isiqingatha salo, kwaye xa ndaqalisayo ukuthetha, ungaliva ngokuchukumisa, umoya ngahlobo luthile uyatyhala, ni—niyayazi endithetha kona, khona ngaphandle emilebeni yakho. Kwaye ikwenza ngahlobo luthile utekete, ngolohlobo.

⁶ Eneneni singabantu abanenyhweba yokuba siyaphila ngale ntsasa, kwaye sibenakho ukuza ebandleni. Kwaye ngolurhatya olwandulela iKrismesi, silindele umbhoyozo abanawo, ntoleyo, ndi—ndiyathemba ndi . . . Baninzi abantwana abalapha ngale

ntsasa, ke ndiyakuzola. Yabona? Kwaye thina badala, ngamanye amaxesha, sithetha izinto abantwana abangafanelanga kwa ukuziva, niyazi.

⁷ Kodwa, ndiyacinga ibandla linesipho esincinci apha sabantwanana, emva kwethuba. Bendikhangelele nje ngaphaya, emva phaya. Owu, nifuna ukutsho. Emva kwesikolo seCawa, bambelelani nje, yabona, kuba ndi—ndicinga banezipho emva phaya zabafo abancinci, ukuzinikeza ngale ntsasa. Kwaye xana ndi. . . Nina bafo abancinci, khumbulani, ngelixa sisenza oku, ndifuna ukwenza oku kucace, ayingo Santa Claus, kuba elo libali eniyakuthi ngenye imini nilifunde ukuba akukho nto kuyo. Kodwa lisuka kuYesu Kristu, iNyaniso yazo zonke iinyaniso, niyabona, uNyana kaThixo. Kwaye sininika esi sipho sincinci, ngale ntsasa, ngokuba kunenza nazi ukuba ngelinye ixesha uThixo wanikeza ngesona sipho sikhulu esasinokunikezwa kuhlanga loluntu: uNyana Wakhe. Kwaye sinendlela elambathayo, yokuyibonakalisa. Kwaye akukho nto esinokuyinikeza ukuthelekisa nokuya. Kodwa nje ngabafayo, omnye komnye, siyakwenza oko.

⁸ Ngoku, bendizakulinda kude kube yiCawa elandelayo. Kwaye mhlawumbi ndiyakukwenza, kakade, phezu kwento ebendifuna ukuyitsho. kwaye into ethile iye—iye yenziwa yaziwa kuthi, phezulu ekhaya, umbono, ekufuneka ndiwulandele. Kwaye luhlobo lwayo i. . . Luhlobo lwayo, khangeleka, iyakuba luhlobo olungqwalalala, kodwa asizange safuna ukucinga ukuba oko uThixo akutshoyo kungqwalalala. Imithwalo Yakhe—Yakhe ilula.

⁹ Kwaye ekubeni kwiCawa elandelayo, uThixo ethandile, sizakuba ne—nenkonzo apha nje phambi koRhatya olwandulela uNyaka oMtsha, ukuba iNkosi yanelisekile ngathi ukuba sibe nale nkonzo. Kwaye sifuna ukuba nenkonzo yakusasa, umthandazo wabagulayo, kwaye mhlawumbi inkonzo yobhaptizo. Ndaza ndacinga, yipapashe kubahlobo bethu, ukuze babenakho ukuza. Emva koko siyakuba nentsasa yeCawa nobusuku beCawa. Kwaye emva koko abantu abafuna ukuhlalela uNyaka oMtsha, ngoko sine. . . Sizakuba noMlindo, ngeli lixa? [UMzalwana uNeville uthi, “Ewe.”—Mhl.]

¹⁰ Kuyakubakho abalungiseleli abaliqela apha, bayakuthetha kubusuku boNyaka oMtsha, kuyokutsho embindini wobusuku. Kwaye—kwaye simema abanjalo abalungiseleli ukuba beze bathethe. INkosi ithandile, ndifuna ukuba ngomnye wabo onento yokutsho ngobusuku boNyaka oMtsha.

¹¹ Kuze emva koko kwiCawa elandelayo, ndacinga bendiyakuzisa uluhlu lwezinto ebezenziwe, ebezenziwe, ukubonisa indlela uThixo aqubisana ngayo nabantu Bakhe, kwaye ndiyizise phezulu ku—kuvutho-ndaba apha ebandleni.

¹² Kwaye abaninzi benu bayamangala malunga nalomba werhafu yengeniso ebesiqhubeka nayo. Igqityiwe. Kwaye ke ndifuna ukunixelela indlela eyenzeka ngayo, kananjalo. Kwaye ndiyacinga, iyakuba njalo, ukuba kufuneke ndiphinde ukuyichaza kwakhona, kwiCawa elandelayo, ke ndiyakulinda nje ibe yiCawa elandelayo. Ukuzama ukuthetha kuni intwanana, ngale ntsasa, okusuka eLizwini. Yabona? Kwaye kwiCawa elandelayo, ndiya—ndiyakuzama, ukuba uThixo uthandile, ukunixelela iindlela eyeza ngayo, ukuyizisa kuyo nganye yezinto ethe iNkosi yazitsho, uze uyibukele ibetha ngqo kwindawo yayo, nje ukuyibeka ngqo endaweni. Yabona? Akaxeli nanye into engeyiyo.

¹³ Kodwa, ngoku, into enye endinqwenela ukuyitsho ngale ntsasa, endizakuthi mhlawumbi ndingayi, ndingayitsho kwiCawa elandelayo, imalunga nento eyenzeke izolo. Bendimathidala kancinci ekuzeni ngale ntsasa, ngokuba ngenene ngahlobo luthile ndikrazukile, ukuze ke ndi—ndingaziva ndikuthanda kangako. Kodwa ekubeni ndilapha, ke, ndiyakuzama okungcono endinokubanakho.

¹⁴ Ubusuku phambi kobugqithileyo, bendinendwendwe, uMzalwana noDade Sothmann, njengoko sisazi apha, omnye wamathenjwa ebandla, kunye nomfazi wakhe, benyukile beza kundityelela mna nomfazi. Kwaye besithetha ngemihlangano ezayo ePhoenix najikelele, ukuba ingaba yintando yeNkosi. Kwaye besihleli kwade kwamalunga necala yeleshumi, ndiyaqikelela, ndaza ndaya ebhedini malunga neyeshumi elinanye.

¹⁵ Kwaye ngaxesha lithile ebusuku, ndaphupha iphupha. Kwaye kweli phupha ndabona umntu othile awayefanele abe ngutata wam; enamandla, enkulu indoda, nje eyimeleyo, ngentetho yokuzekelelisa, utata wam. Ndabona umfazi, wayengakhangeleki nje ngomama wam; kodwa, noko, wayefanele abe ngumama wam. Kwaye le ndoda (eyayifanele ifane notata, umyeni walomfazi) yayimphethe ngenkohlakalo, kangangokuba yayinesiqwayi sokhuni, kwaye ibiyakumphakamisa *ngoluhlobo* ize imbethe ngesiqwayi sokhuni, kwaye ebesaya kuwa aye phantsi. Kuze emva koko—emva koko, emva kwethuba, ebeya kuphakama ame kwakhona. Kwaye ibisayakuhamba hamba, icinge ukumbetha kwakhona, ibiya kumbetha kwakhona. Ndandimile mgama, ndibukele.

¹⁶ Ekugqibeleni, ndadikwa kulonto. Kwaye ndandimncinci kakhulu kunale ndoda, yayifanele ibe njengotata wam. Ke ndaya kuyo ndabeka umnwe wam ebusweni bayo. Ndathi, “Sukumbetha kwakhona.” Yabona? Kwaye xa ndakwenzayo, into ethile yaqalisa ukwenzeka. Ingalo zam zaqalisa ukungcangcazela, ndaza ndaba mkhulu, ezinkulu izihlunu ezinamandla. Andizange ndabona ezinjalo izihlunu. Ndaza nje ndathabatha le ndoda ngesixhanti, ndathi, “Sukumbetha

kwakhona. Ukuba uyakwenza, kuyakufuneka uqubisane nam ukuba uyambetha kwakhona.” Yaze indoda yandoyika, yamyeka. Ndavuka.

¹⁷ Ke, ndilele phaya, nje umzuzu, kakade, utoliko lokuya lweza. Okuya kwakukuko, kakade, umfazi, ngentetho yokuzekelelisa, liBandla, ntoleyo luhlobo lomama. Utata lihlelo phezu kwakhe, lilawula phezu kweBandla, njengomyeni phezu kwenkosikazi. Kwaye ngala mahlelo ebetha ela Bandla, kwaye engalivumeli nokuba Lime ngenyawo ngolwahlobo. Nje, lonke ixesha Lizama ukuphakama okanye ukwenza into, bona, abantu phaya, ihlelo liyaLikhahlela phantsi. Kwaye ithetha nje ukubeka ezithile—ezithile izihlunu zokholo khona apha ukuba ndiqhubeke ukukhupha umnwe wam phaya, ndithi, “Uqubisana nam. Yabona?” Kuba, kukho abantu phaya abangabakaThixo. Kwaye konke kwakulungile. Malunga . . .

¹⁸ Sasivukile malunga neeyure ezimbini, okanye ezintathu, ndiyaqikelela. Kwaye intombi yam, enye yazo, uRebekah, emva phaya, usebenza kwiSibhedlela samaWisile eLouisville. Yi, owu, olwahlobo lusaqeqeshwayo lokuqeqeshwa komongikazi. Zi “candy strippers,” ngabancedisi esibhedlela babiza njalo, okanye into enjeya. Kwaye waye, yena . . . Bambiza ukuba eze ngala ntsasa, kwaye yilonto eyandivusayo. Kwaye kwakungentseni, kwaye yena, kunye nelinye iqabana elincinci lasesikolweni apha, ba—basebenza phaya kunye, kwaye ndandizakubasa ngaphaya eLouisville. Kwakufuneka babephaya ngentsimbi yeshumi. Kwaye unkosikazi wamangala kutheni wayengenakho ukungena egumbini lokulala. Ndanditshixile.

¹⁹ Ngoku, ndibe nezinto ezininzi ezithe zenzeka ebomini bam, kodwa andizange ndibe nanye into enjengaleya. Ndaya kwiphupharha. Andilwazi utoliko. Andizange ndibe nanye into enjengayo ebomini bam. Kodwa, ngaphambi kwam, kukhangeleka ukuba ndaqonda ukuba yayingumbono, kwaye ndandisembonweni. Kodwa ndandithetha nonyana wam, uJoseph. Ntoleyo, wayengekhosegumbini ngeloxesha. Kodwa ngandlela ithile, njengoko yandibethayo, ndandithetha noJoseph.

²⁰ Kwaye nda—ndakhangela phezulu. Kwaye uhlobo lobume bepyramid, kumi phambi kwam, yayizezincinci, ezincinane iintaka, into engathi sisiqingatha se-intshi ubude. Kwaye zazi, phezulu kumphezulu, kumasebe, kwakukho i . . . ndingathi, ezintathu okanye ezine. Emva koko, elilandelayo, isebe elilandelayo laline mhlawumbi isibhozo okanye ishumi. Kwaye ezantsi amazantsi, lalineshumi elinesihlanu okanye amashumi amabini.

²¹ Kwaye yayingabalwi abancinci, ngokuba iintsiba zazo zazibethiwe, kwaye zikhangeleka ngathi zazizama ukuthetha nam, zisitsho into ethile. Kwaye ndandiseNtshona,

kukhangeleka ngaseTucson, Arizona. Iintaka zazijonge eMpuma. Kwaye ndandiphulaphulisile. Zazizama ukuthi, kukhangeleka ngathi zazizama ukundixelela into ethile. Kwaye zazineentsiba ezincinci, zonke zazibethiwe, nezinto. Zazineenduma-zedabi kakuhle kakhulu. Emva koko, ngesiquphe, enye intaka yaqalisa ukuthabatha indawo yenye, ixhuma *ngolwa* hlobo. Kwaye zona, iintaka ezincinci zemka ngokukhawuleza, zabhabhela ngasempuma.

²² Kwaza xana zakwenzayo, kokusuka kokuya kweza intaka enkulu, ngokungaphezulu ngokufana namahobe, anempiko ezitsolo. Zaze—zaze—zaze zaza zilibubu, kwaye ngokukhawuleza, okungaphezulu ukukhawuleza kunoko iintaka ezincinci zazinjalo, zabhabhela ngasempuma.

²³ Kwaye ndisekweyam...ingqondo ezimbini ezihleliyo zihlangene, ndayazi ndandimi apha, kwaye ndayazi ndandindaweni ithile ingenye. Yabona? Ndacinga, “Ngoku, lona ngumbono, kwaye kufuneka ndifunde kuthetha ntoni oku.”

²⁴ Kwaye kungekho ngaphezulu kweqela lesibini leentaka leza, ndajonga eNtshona. Kwaye zakhangeleka okwepyramid, njengesibini cala ngalinye, kunye nenye kumphezulu, kweza ezintlanu ezinamandlakazi iiNgelosi endakhe ndazibona ebomini bam. Esikhulu kangako isatya, andizange ndasibona. Iintloko zazo emva, kunye neempiko Zazo ezitsolo, nje zindanda ngokukhawuleza! Aze amandla kaThixo uSomandla andibetha, ngeyona ndlela, de Andiphakamisa ukusuka emhlabeni, yonke indlela ukusuka emhlabeni, ukunyuka.

Ndandinakho ukumva uJoseph esathetha.

²⁵ Kwaye ivakala ngathi sisantya esodlula umgqumo, okokuba—okokuba umgqumo omkhulu waphuma, kude mgama, eZantsi. Kwaye xana ndaphakanyiselwa phezulu... Kwakukho esinjalo ukubasikhulu isantya seeNgelosi! Kwaye ndi—ndinakho nje ukuZibona kanye ngoku, yabona, njengoko—njengoko Zazisiza, kwesasimo *ngolwahlobo*, nje ukutshayela ukungena kum.

²⁶ Ngoku, hayi ukuphupha, ngoku. Hayi. Ndandiphaya kanye, ndivuke ngokupheleleyo njengoko ndinjalo ngoku. Yabona?

²⁷ Kodwa apha Yeza. Kwaye Zazikhawuleza ngamandla, de ndacinga, xa Yandiphakamisayo...Ndeva olwaqhushumbo, lufana, okanye lufana nokuqhushumba okwenzekayo, njengesatya esodlula umgqumo. Kwaye xana yakwenzayo, ndacinga, “Kuhle, lena kufanele ithetha ukuba ndilungiselela ukubulawa, yabona, kuqhushumbo lohlobo oluthile.” Ndaza—ndaza nje...Ngelixa ndacinga ngezo zinto, ndacinga, “Hayi, ayisayi kuba kokuya. Ngokuba, ukuba ibiluhushumbo, ibiyakumfumana uJoseph, naye. Kuba, nankuya, esathetha, ecinga ukuba ndiphaya. Ndinakho ukumva. Ibingekuko okuya.”

28 Ngoku, oku kuko konke kusesembonweni. Yayingeyiyo... Yabona? Yayikumbona.

29 Kwaze emva koko, konke ngaxeshanye, njengoko ndaqondayo ukuba ndandi... Zazindingqongile. Ndandingenakho ukuZibona, kodwa ndaziswa kulentlanganisela yepyramid yaZo, ngaphakathi kulentlanganisela yee—yeeNgelosi, ezintlanu. Ndaze ndacinga, “Ngoku, iNgelosi yokufa iyakuba yenye. Isihlanu iyakuba lubabalo.” Ndandinga oko. Ndacinga, “Owu! I—Iza noMyalezo wam. Olo luvutho ndaba lwam lwesibini. Zazindizisela uMyalezo osuka eNkosini.” Ndaza ndadanduluka ngawo onke amandla am, ngokungxola endandinokuba nakho, “Owu Yesu, yintoni Oyakufuna ndiyenze?” Kwaye xa ndakwenzayo, yona nje—nje yemka kum.

30 A—a—andikhange ndizive kakuhle, kusukela ngoko. Yabona? Ndandi, imini yonke izolo, kwafuneka ndihlale endlwini, phantse ndiziva ndingaphandle kwesiqu sam. Andikwazi kucoca ingqondo yam. Kwaye uzuko namandla eNkosi! Ndindindisholo ndonke, xa Yandishiyayo. Ndandizama ukukuhla izandla zam. Ndaza ndacinga, “andikwazi kubamba ukuphefumla kwam.” Ndaza ndajikeleza, nokunqumla emgangathweni, nokuya emva naphambili. Ndacinga, “Ithetha ntoni, Nkosi? Ithetha ntoni?” Emva koko, ndema. Ndathi, “Nkosi Thixo, Isicaka sakho si... A—andinakho nje ukuyiqonda. Kutheni? Yayiyintoni? Yazise, Nkosi.” Ke, xana i... .

31 Andinakho ukunixelesa malunga, xana ndithi, “Mandla eNkosi.” Akukho ndlela yokukucacisa okuya. Asikuko oko nikuvayo ngokuvakalelwa apha, kwiintsikelelo. Ezo ziintsikelelo zeNkosi. Obu bubungwele! Owu, bethu! I—ingaphaya kwako nakuphi anokuthi onakho ukufa angakucinga. Yabona? Kwaye—kwaye yayindikathaza, kakubi kakhulu. Ayi... Ayiyontsikelelo. Yinkathazo. Uyakhathazeka. Yabona? Okokuba yiyo. Ukuba kuphela ubunakho u... .

32 Ukuba bendingafumana kuphela indlela endinokuxelela abantu into oko bekukuko, okanye into e... into ebekukuko ukuvakalelwa kwayo! A, asikokuhlala nje apha, ufuna ukugcoba. Yi—yinto othi wonke umthambo-luvo kuwe nje... Ingaphaya kokoyika. Ingaphaya kokoyikiswa. Yintlonelo engcwele. Ye... Mna... Akukho ndlela yokuyichaza. Nkqu, de, umqolo wam wonke, ukuhla nokunyuka umchachazo wam, ukuya ngeminwe yam, ukuhla nokunyuka emilenzeni neenzwane zam, ubumna bonke babundindisholo, yabona, njengokokuba uthe—uthe wemka waphuma ehlabathini, ndaweni ithile. Kwaye—kwaye yayindishiya, ngokuthe chu, kwaye ndathi kwi—kwiNkosi, “Ungandazisa nje Wena, Owu Thixo?”

33 Ndiyaqajisela, ukuba, okona kusondeleyo okwakhe kweza kokuba kokuya ukomelela kwakhona, kuxa ndandiseZurich,

Switzerland, ngela xesha xana Wandibonisa elaKhozi laseJamani liqwalasele lamkhweli-hashe weNgesi esihla ukunqumla i-Africa. Kwaye Wathi, “Bonile bonke basilela eluzukweni.”

³⁴ Kwaye ndandimemeza kwiNkosi, ukuba indincede. Kwaye ndi—ndifuna Yena andinike utoliko, ngokuba ndamangala ukuba ithetha—ukuba ithetha ukuba ndandizakumka, ndandizakubulawa. Kwaye ukuba yayiyiyo, ndandingazukutsho kwanto kusapho malunga nayo. Lixesha lam lokuya eKhaya, kutheni, ndiyakuya nje eKhaya, yilonto kuphela. Kodwa ukuba—ukuba koko ethetha kona, ndandingafuni kuxelela usapho, ndingafuni ukuba bazi kwanto malunga nako. Ndiyiyeke nje yenziwe, kwaye oko—oko iyakuba konke kwayo.

³⁵ Ndathi, “Nkosi, ndincede. Andifuni kuxelela usapho, ukuba—ukuba Uza...Olu, kukubizelwa kwam eKhaya, kulungile, ndiya—ndiyakuya.” Niyabona. Ndathi...Kwaye, niyazi, ni... .

³⁶ Nithi, “Kuhle, kutheni ungazange ucinge malunga nowakutshoyo embonweni, oko umbono wakutshoyo?”

³⁷ Kodwa akunakho ukucinga ngezinto ezinjeya ngoko. Wena...Andinakho, nakanjani. Kwaye ndacinga... Ndandikhathazekile nje, ndicaphukile. Akuyazi mawucinge njani. Akunakho ukucinga.

³⁸ Ndaza ndathi, “Bawo waseZulwini, ukuba uthetha ukuba—ukuba uqhushumbo lwaluzakundithabatha, ke, ndazise ngoku, ke andisayi kutsho kwanto malunga nayo. Zisa uzuko namandla Akho phezu kwam kwakhona, undiphakamise kwakhona. Okanye, zisa uzuko Lwakho phezu kwam, kwaye emva koko ndiya—ndiyakuyazi ngoko ukuba ithetha—ithetha okuya, ukuze ke ndibe nokuyigcina kum.” Kwaye akuzange kwenzeke nto.

³⁹ Ke ngoko ndathi, “Ngoko, Nkosi, ukuba ithetha ukuba Uzakuthumela aBathunywa Bakho ukwenzela umyalelo wam, ngoko thumela amandla Akho kwakhona.” Yabangathi indikhupha egumbini!

⁴⁰ Noko, nda—ndabuyela kum, kunye neBhayibhile esandleni sam, ngoko, yabona, kwaye ndicela uThixo ukuba andincede. Kwaye xa ndakwenzayo, Wa—Wandibonisa into ethile eSibhalweni, emalunga kanye nayo, kanye phaya. Ndaza ndacinga, “Ingaba okuya ngenene kokuya? Ingaba ndikwenze njani okuya?” Kwaye, owu, a—andinakho ukuzicacisa ezi zinto, bafondini. Ingaphaya kwayo nayiphi into endiyaziyo. Yabona?

⁴¹ Unkosikazi wam ngongaqhelekanga kakhulu umfazi; omye wabangcono ehlabathini. Kodwa, ithutyana elincinci, andikhange nditsho nanto malunga nayo. Ndaqhubeka. Wayazi kwakukho into eyenzekayo. Ke xana ndamxelelayo, wathi, “Uyazi, Bill, ndikubonile kwaye ndakuva, kwezininzi zezo zinto.” Wathi, “Uyazi ndiyakukholelwa ngentliziyo yam

yonke,” watsho. Wathi, “Kodwa okuya ngenene kube nento ethile.”

⁴² Ikhangeleka nje, indishukumisile, olwaqhushumbo kunye nokwakuza ngokukhawuleza kweza Ngelosi ngolwa hlobo, ezintlanu zazo ngokuhlangeneyo, kwi—kwintlanganisela yaZo. Njenge, uhlobo ngathi—ngathi ndibe nepyramid izotywe apha, yabona. Zakhangeleka ziyi, eku kuqalekeni, Zakhangeleka ngathi, hlobo lwe. . . kungama, Zakhangeleka ngohlobo ngathi lela bala lamahobe. Kwaye zazi kwi—ekuzeni *ngale* ndlela. Kwaye zazi, khangeleka ngathi, enye, ezimbini; ezintathu, ezine; kwaze emva koko enye kanye phezu kwenye, yabona, zizena isihlanu. Kwaye zeza ngesinjalo isantya! Akukho kwanto, akukho jethi, akukho nto ingenye enokuthelekiswa *nokuya*.

⁴³ Kwaye ndingazibona nje Zona, kunye neentloko Zazo ngahlobo lokujikelwa emacaleni. Ezompiko zilelele ngasemva, zixhobe ngokupheleleyo, kwaye naku Zisiza, ke “Whew!” *Ngolwa* hlobo. Nje ukuza ukwehla, zaza nje zandithabathela kulepyramid yentlanganisela yaZo. Ndabona ndandisukile, phezu ndisukile emhlabeni. Ndacinga mhlawumbi. . . Ndeva, kude mgama, la mngqumo, “Whoom!” Njenge—nge—ngenqwelontaka xa inqumla isatya esodlula umgqumo, niyivile isenzeka ngolwahlobo, kanye nje umgqumo omgama.

⁴⁴ Ndacinga, “Oku kungathetha ngoku, xana ngoku lo mbono undishiya, okokuba ndizakubulawa luqhushumbo okanye into ethile.” Ndacinga, “Naku ndilapha. Ndiphakanyiselwe phezu. Ndi. . . Zona, Zilapha ndaweni ithile. Ndi—ndikule, lepyramid yeeNgelosi apha. Kodwa, a—andazi. Mhlawumbi iNkosi iyeza kundithabathela eKhaya.”

Emva koko ndeva uJoseph ezantsi phaya, esithi, “Tata?”

Ndacinga, “Hayi, ukuba yilonto, ibifanele imthabathile, naye.”

⁴⁵ Ngoko Into ethile yathi, “Wena. . .” Khumbulani, ndilindile, ndiqaphela uMyalezo ebendisoloko ndiwungxamele, into ethile.

⁴⁶ Kwaye umbono, ngomnye umhla, uyayazi, njengoko kungekudala kakhulu, undixelela malunga nokwakuzakwenzeka; indlela endandishumayela ngayo, ukusuka elangeni, ukuza kule ndawo. Waze—waze emva koko Wathi, “Ngoku khumbulani, uvutho-ndaba lwesibini luseza.”

Ndacinga, “Kuyakubakho uMyalezo.”

⁴⁷ Niyawukhumbula uMyalezo wam apha? Ukuqikwa kwalantloko-litye, apho, loo mazwi asixhenxe kunye namatywina angabhalwanga nokubhalwa eLizwini likaThixo. Niyakhumbula? Kwaye yandithabathela kulapyramid.

⁴⁸ Kwaye Junie Jackson, ukuba ulapha, ela phupha othe wandinika lona kungekudala. Andisayi kulichaza ngale ntsasa. Ngenene ubu. . . UThixo wayegqibelele kakhulu. kwaye

ndixolele ngokungakuniki utoliko; kuba, ndibone into ethile inyakama.

J. T., into ekwanye, yabona. Kwaye nda—nda—ndakwazi okuya.

Kwaye Dade uCollins, ngqo into ekwanye. Yabona?

Kwaye isithandathu salawa, ekhokelela kanye ngqo kwinto ekwanye.

⁴⁹ Kwaye umbono endithe ndanixelela wona nonke, kwiminyaka eyagqithayo, yenzeka nje ngenye imini. Yabona? Okuya kuyakwenzeka.

⁵⁰ Kwaye nantsiya, ilele kakuhle, yonke into ilele kakuhle phandle phaya. Iyinto nje enyakamayo. Andiyazi yintoni. Ndincede Thixo; umthandazo wam.

Masithandazeni.

⁵¹ Bawo waseZulwini, si—singabanakho ukufa nje thina, kwaye simile apha ngale ntsasa. Kwaye, Nkosi ndi... Undithumele ukuba ndikhokele lo mhlanjana mcinci neli bandla. Kwaye ndisekupheleni kwam. Andiyazi yeyiphi indlela, yintoni, kuphi, okuzayo. Kodwa ndiyazi lena into, yokuba, Uthe Wenze “yonke into isebenzelane okulungileyo kwabo” bakuthandayo Wena nababizwe ngokwenjongo Yakho. NdiyaKuthandaza, Thixo, ukuba isandla Sakho esikhulu senceba siyakuba phezu kwethu.

⁵² Siyazi ngenyaniso ukuba Wena unguThixo. Kwaye siyayazi ukuba Wena akunguye owawuphila kwiintsuku ezagqithayo, kodwa Uphila namhlanje. Wabasoloko unguThixo. Uyakusoloko unguThixo. WawunguThixo phambi kwexesha, kwaye Uyakuba unguThixo xana kungasekho xesha. Uyakube usunguThixo.

⁵³ Kwaye sisezandleni Zakho, Nkosi. Siludongwe nje, kwaye Wena unguMbumbi, uMbumbi dongwe. Bumba ubomi bethu, Nkosi, ngendlela eyakufumana inkonzo engcono yokuhlonela Wena. Siphe, Bawo. Sisezandleni nje Zakho.

⁵⁴ Asinandlela yokuzizisa apha, okanye asiyazi indlela esiyakuphuma ngayo. Inkosi, Usinikile ubomi, kwaye Wena u... Sibuyisela ubomi bethu kuWe, kwaye, ngokunjalo, Usinikile, ukusinanisela, uBomi obunguNaphakade. Ukholo lwethu luphefumlela oko kobona buqu bethu. Kwaye siyakuthanda Wena ngako oku, ngokuba siyayazi ukuba ngenye imini siyakukubona Wena, kwaye Uyakuba seluzukweni Lwakho. Kwaye siyakukhangela kuYe. Kwaye silangazelela ukuya loo mazwi, “Yenziwe kakuhle, sicaka sam esilungileyo nesinyanisekileyo. Ngena kuvuyo lweNkosi, ebelulungiselelwe wena kusukela ekusekweni kwehlabathi.” Kude kube lela xesha, Owu Thixo, xana sonke sihlangu, sikhokele.

Sizicaka Zakho, kwaye sicela uxolelo lwezono zethu.

55 Le mibono mikhulu, Nkosi, mikhulu kakhulu kunesicaka Sakho. Andiyazi emandiyenze. Ndi—ndiyazi nje iyeza. Kwaye ndingatsho kuphela oko ndikubonayo, noko ikutshiloyo. Kwaye ngamanye amaxesha iyandoyikisa, Nkosi. Kwaye a—andiyazi emandiyenze.

56 Emva koko ndathabatha iBhayibhile ndafunda phaya indlela u-Isaya wafanela weva ngayo ngala mini etempileni, xana wabona ezo Ngelosi, iimpiko zazo zigqume iinyawo Zazo. Akumangalisa wadanduluka, “Usizi kum! kuba amehlo am abone uzuko lweNkosi.”

57 Kwaye kwakungoko umprofeti wandanduluka: emva kokuba wacocwayo etempileni, xana iNgelosi yathabatha isithabatho yafumana ilahle loMlilo yalibeka phezu kwemilebe yakhe; emva kokuhlambulula okokuba wayeyindoda emilebe iyingqambi, kwaye ehlala, phakathi kwabantu abayingqambi. Noko, wayengumprofeti. Yaza iNgelosi yathabatha isithabatho yabeka ilahle loMlilo phezu kwemilebe yakhe yamcoca, yathi, “Ngoku hamba, uprofete.”

Nkosi Thixo, u-Isaya wandanduluka, “Ndilapha, Nkosi. Thuma mna.”

58 Xana, Wathi, “Ngubani na oyakusiyela?” Kwesasizukulwana singcolileyo kwaye sikrexezayo!

59 Owu Thixo, yenze iphinde kwakhona. Yenze ize kwakhona, Owu Nkosi. Thumela uMoya oyiNgcwele noMlilo ococayo. Kuba, ndiyahlambulula, ndingomilebe iyingqambi, kwaye ndihlala kulo mhlaba apha kunye nabantu abayingqambi. Kwaye asicocekanga emehlweni Akho, Nkosi. Kodwa, owu, thumela amandla acocayo, uMoya oyiNgcwele! Sicoce, Owu Nkosi. Coca isicaka Sakho, Nkosi.

60 Uze emva koko uthethe, Nkosi. Isicaka Sakho siphulaphule. Ndilangazelela ukuva ela Zwi. NdingoWakho. Ndisebenzise, Nkosi, njengoko Ubona kufanelekile, ngelixa ndilele phezu kwesibingelelo Sakho. Yenza uMoya oyiNgcwele undicoce, Nkosi; kwaye undithambise uze uthumele, Nkosi, ukuba Ufuna umntu othile aye, ukuba lena yiyure kwaye eli ilixesha.

61 A—andiyazi, Nkosi. Ndi—ndiyayazi nje ukuba ndizibonile ezo Ngelosi. Kwaye Wena uyazazi ezozinto ukuba ngokwenene yiNyaniso. Kwaye ndiyathandaza, Nkosi, “Usizi kum,” ke ndinceda.

62 Kwaye ngoku sikelela aba bantu. Kwaye silapha namhlanje, nje phambi korhatya olwandulela elixesha lombhiyozo wokuzalwa kweNkosi. Siyathandaza ukuba Uyakusinceda.

63 Kwaye ngale ntsasa, isicaka Sakho, uMzalwana wethu uNeville, uzive ukuba mhlawumbi iyakuba lixesha lokuba kufanele nje aphumle imizuzu embalwa, kwaye mhlawumbi

kufanele ndithethe. Kwaye ndi—ndiyathandaza ukuba Uyakundinceda ngoku.

⁶⁴ Kukho abo apha, Nkosi, kwaye sonke thina, baYakudinga. Ke siyathandaza ngoku ukuba Uyakusisikelela njengoko sifunda iLizwi Lakho kwaye sicamngca okwexeshana. Yenza uMoya Wakho uze phezu kwethu, Nkosi. Usicoce kwaye usibeke eMlilweni, kunye noMoya oyiNgcwele, kunye noMyalezo kaThixo, umtsha usuka esibingelelweni, ukushukumisa ihlabathi elifayo, phambi kokucela komkhulu uThixo kaNaphakade. Kuba sikucela eGameni likaYesu, uNyana Wakhe othandekayo, noMsindisi wethu. Amen.

⁶⁵ Ngoku ndinqwenela ukubizela umdla wenu kwiSibhalo apha, nakwimibhalwana embalwa, endithe ndayibhala phantsi.

⁶⁶ Kwaye ndiyakholelwa, uDoc, okanye uBilly, okanye omnye wabo undixelele, ukuba bafuna ukukhupha ngaphambi kwethutyana, ngenxa yabantwana. Banezipho zabo.

⁶⁷ Nina bafo abancinci enisandula kuphuma kwisikolo senu seCawa, hla—hlalani nje, nje ithutyana. Esikutshoyo ukusuka apha kungabanzulwana kuni, kodwa nina—kodwa hlalani nje nizole kunye nomama notata, okwemizuzu embalwa. Ndifuna ukuthetha nabo.

⁶⁸ Ngoku, ngaphaya kwiiNdumiso, iNdumiso yama-89, ndifuna ukufunda umqolo okanye emibini, weNdumiso ama-89. Ndizakuzama ukufunda eyama-50, 51, kunye nomqolo wama-52 eeNdumiso ama-89.

⁶⁹ Ngoku, ninakho ukuva kude emva ngasemva, kakuhle? Ukuba ninakho, phakamisani izandla zenu. Ke ndi... Yona eyi... Ingaba yonke le miboko yokuthetha ivuliwe? [Umntu othile uthi, “Andiyazi.”—Mhl.] Ingaba *lona* ungonco, okanye *lona? Lona? Lona?* [“Lena mibini ecaleni ivuliwe.”] Kanye apha, *lena* mibini ecaleni? [“*Lona, lona, kunye nalona.*”] Kulungile.

⁷⁰ Andazi nokuba bazakushicilela oku okanye hayi. Iluhlobo nje lesingalindelekanga isiganeko ngale ntsasa.

⁷¹ Kodwa musani ukulibala ngoku, yibani nabo bonke abahlobo benu. Kwaye ndi—ndifuna nina niqiniseke, phantse, zamani ukuza kumhlangano weCawa elandelayo.

⁷² Kwamsinya bayakuba nebandla ligqityiwe apha, ndiyaqikelela. Kwaye ndi—ndiyakube ndibuyele oku ngoko, ndishumayele loo Matywina Asixhenxe, ukuba iyakuba iyintando kaThixo, kwiSibhalo apha.

⁷³ KwiNcwadi yeeNdumiso, isahluko sama-89, ukuqalisa ngomqolo wama-50. Phulaphulisisani ekufundweni kweLizwi ngoku.

Khumbula, Nkosi, ukungcikeleka kwabakhonzi bako; indlela endithwele ngayo esifubeni sam ingcikivo yabo bonke abantu abanamandla;

Ezithe ngayo intshaba zakho zabangcikiva, Owu YEHOVA; ezithe ngayo zangcikiva amanyathelo omthanjiswa wakho.

Makabongwe uYEHOVA ngonaphakade. Amen, amen.

⁷⁴ Ndingathanda ukuthetha kuni okwethuba elimbalwa kwi...Ndifuna nikuphawule oko, kuqala, nize nikufunde niphindaphinde, kakuhle ngenene. Mhlawumbi ithwele ukufundwa kwakhona kanye ngoku. Phulaphulisani ngoku. Yabona?

Khumbula, Nkosi, ukungcikiveka kwabakhonzi bakho; indlela endithwele ngayo esifubeni sam ingcikivo yabo bonke abantu abanamandla;

Ezithe ngayo iintshaba zakho zabangcikiva, Owu YEHOVA; ezithe ngayo zangcikiva amanyathelo omthanjiswa wakho.

Makabongwe uYEHOVA ngonaphakade. Amen, amen.

⁷⁵ Yifundisiseni ngenzondelelo, njengoko uDavide wayithethayo. Ndifuna ukusebenzisa isiqendwana... Ayiqhelekanga kakhulu, ukuba isiqendwana seKrisimesi kwakhona; kodwa njengoko ndishumayele kwiCawa egqithileyo kwisiqendwana esingaqhelekanga. Ndilibele besiyintoni ngoku. Ibiyi...[Umzalwana uthi, "*Ihlabathi Liyaphasalaka.*"—Mhl.] Uxolo? [*"Ihlabathi Liyaphasalaka."*] Ukuphasalaka: *Ihlabathi Liyaphasalaka.*

⁷⁶ Ngoku ndifuna ukusebenzisa ukwenzela isiqendwana, leCawa: *Ingcikivo Ngenxa YeLizwi*. Ngoku mandiyiphinde kwakhona, kakuhle ngenene. I... *Ingcikivo Ngenxa YeLizwi*.

⁷⁷ UThixo unexesha, kunye nesizathu ngela xesha, ukuzalisekisa onke aMazwi Akhe. UThixo uyakwazi kanye ngqo oko azakwenza Yena. Thina asazi. Kufuneka nje siyamkela njengoko eyinikeza kuthi. Kodwa, Uyayazi, kwaye akukho nto ezakwenza phosakeleyo ngako oko athe Wa—Wakuceba ukukwenza. Konke kufuneka kuze. Kufanele kubekho, ngamanye amaxesha, ubungqwabalala nobulukhuni bezinto, ukwenzela kuphela ukukhupha eyenene, eyenyaniso imvelo yento.

⁷⁸ Niyazi, imvula izalwa kweziqhawu-qhawukileyo, ezidlakadlaka, ezimibane isasazekileyo, izibhakabhaka ezidudumayo. Kwaye ukuba besingenayo imvula, besingayi kuphila. Kodwa niyabona okuthabatha kona ukuzisa imvula? Indudumo, umbane, ukubaneka, umsindo. Kwaye kokuphuma kokuya kuza imvula.

⁷⁹ Imbewu kufanele ife, ibole, yonakale, inuke, ize ibuyele eluthulini lomhlaba, ukuze izise ubomi obutsha.

⁸⁰ Ithabatha ukunkulwa kwegolide, uyiguquguqule, umva nomphambili, uyinkule ide inkunkuma egqumileyo isuswe

kuyo. Hayi kuba ibengezela, kuba intsimbi yemampara, into eyaziwa njengegolide yeziyatha, ibengezela njengegolide yenene. Kodwa, udibanisa zombini kunye. Uzibeke ecaleni elinye, kunganzima ukuzahlula. Kodwa zibeke kunye, ungayichaza. Kwaye umkhandi kufuneka ayikhande de a—abone umfanekiso wakhe ubonakala egolideni.

⁸¹ Kwaye uThixo ubeka ixesha kwaye unenjongo yayo yoke into Ayenzayo. Akukho nto izenzekelayo nje kwabo bayithandayo iNkosi nababizwe ngokobizo Lwakhe. Yabona? Simiselwe ngexa elingaphambili. Kwaye yonke into isebenza nje kakuhle, ukwenzela oko, ngokuba Akanakuxoka. Kwaye Watsho ukuba kunjalo, ukuba yonke into inxesha layo, ithuba layo, kwaye inendlela yayo. Kwaye uThixo usemva kwayo yonke intshukumo. Kwaye ngamanye amaxesha ucinga ukuba yonke into yenzeka ngokungalinganga. Ixhomekeke kuthi. Ezo zinto zibekwe phezu kwethu, iimvavayo noku mangali seka. Luvavanyo, ukubona indlela esiya kwenza ngayo kwisenzeko.

⁸² Ngelinye ixesha eligqithileyo, phezulu eVermont, uMzalwana uFred kunye nam saya ngaphaya kwicala laseNew York, ukunqumla iLake Champlain, kwaye sasiwelele ngaphaya kwicala laseNew York. Ndaza ndenyuka entabeni apho leya, phezulu kwiNtaba iHurricane, apho ndandiqhele ukuzingela. Kwaye phaya ndiyakhumbula xana ndandilahlekile, nendlela uThixo wandikhokela wandibuyisa ngayo, ngoMoya nje oyiNgcwele kuphela, ukuphumela kwisaghwathi. Oko, ngeba ndafa, ndanyamalala, kwaye ngekwabanjalo kumfazi wam noBilly, ezantsi kwinkampu encinci iimayile kude. Kwaye ndajikwa.

⁸³ Kwakukho nje ikhephu elincinci esatsala kulo, ukufika enkampini, kwangethuba entlakohlaza. Kwaye ndandimi phaya ndithetha noMzalwana uFred, waza uMoya oyiNgcwele wathi, “Phuma uyokuba wedwa.” Ndaza ndesuka ndaya ehlathini ithutyana, indawo. Wandixelela, “Kukho umgibe obekelwe wona. Lumka ngoku.” Kodwa Akazange andixelele njani, intoni. Ndabuyela ndaza ndaxelela uMzalwana uFred.

⁸⁴ Ndaya ebandleni ngoba busuku eholweni, ndayazisa ebantwini. Kwaze kubusuku obulandelayo yenzeka. Kwaye ndimi phaya xana Wandixelelayo, phezu kwabagculeli, Wathi, “Kusezandleni zakho. Yenza ngabo. Nantoni oyitshoyo, iyakwenzeka kanye ngoku.”

⁸⁵ Nantso ke. Apho, umntu othile engahloneli, ukungabi nathixo, kwaye babesenza intlekisa begculela emhlanganweni, umfana nomfazana. Kwaye wayezama ukwenza uthando olukrwada kunye naye esakhiweni; kwaye wonke umntu ehoyile, ngelixa ndandizama ukushumayela. Aze atsalele emva intloko yakhe akhwele phezu kwamathanga akhe, alahlele intloko

yakhe ngasemva ezama ukumphuza, eqhubeka ngolwahlobo emhlanganweni, etsala umdla.

⁸⁶ Waza uMoya oyiNgcwele wathi, “Ngoku yena... Basezandleni zakho. Uyakwenza ntoni ngabo?”

⁸⁷ Kwabakho inzolo engcwele. Wonke umntu wahlala ngenzolo enkulu. Ndaza ndacinga, “Owu Thixo, yintoni emandiyenze?”

⁸⁸ Ndaza ndakhumbula, ukuba ibingakhange ibe sisilumkiso sikaMoya oyiNgcwele, kwiintsuku ezimbini ngaphambili. Ndathi, “Ndiyakunioxolela.” Ngoku, oko koko Wayefuna ndikutsho. Yabona?

⁸⁹ Ngokuba, emva kwako konke, nda—ndabe ndinetyala, mhlawumbi hayi okwalonto, kodwa ityala. “Kwaye ukubanetyala kokuncinci kokuyo yonke.”

⁹⁰ Ke ndathi, “Ndiyanioxolela.” Kwaye nangaya amangqina apha ngoku, ayephaya ngoko. Waza uMoya oyiNgcwele wawa.

⁹¹ Ngoku, nibonile, ndiyakholwa ukuba zonke ezi zinto zinentsingiselo. Uyakwenza ntoni ngamandla? Uyakuthini, yabona, impendulo senzo kwisenzeko? Into eza njengokwenzeka, emva koko indlela owenza ngayo kwesasenzeko? Niyakuqonda oko ndikuthethayo? Beniyakwenza ntoni? Kwaye mhlawumbi konke oku kusebenzela apho sikhoyo ngoku. Andiyazi. A—andinakho nje ukutsho. Kodwa bekusoloko kukho indlela ethile...

⁹² Kwaye khumbulani oko, ungcikivo lwe—lweLizwi luye... ILizwi libe lisoloko lithwele ingcikivo. Konke ngazo izigaba, iLizwi likaThixo elithanjisiweyo labe lisoloko lingcikivwa. Kwaye eso sisizathu kunzima kakhulu ebantwini abangaqondiyo, bangazi indlela yokwamkela la ngcikivo.

⁹³ Ningakhumubla abafundi bebuya kwaye bevuya ngokuba baqonda ukuba babalwa fanelekileyo ukumelana nengcikivo yeGama Lakhe? Wathi, “Bonke abaphila ubuthixo kuKristu bayakuthwala intshutshiso,” ingcikivo yeLizwi.

⁹⁴ Wabe usoloko ufuneka umelane nale ngcikivo ukuze unike uvavanyo lwakho, ukuba ubone. Wonke umntu ozayo kuKristu kufuneka kuqala aqeqeshwe ngokomntwana, ukwenzela i—isizathu athe uThixo wakubekela sona. Kwaye khumbulani, ukuba nje ningathula! Khumbulani, ukuba unibizele oku Yena, akukho nto enokuthintela ukuba ingenzeki. Akukho demoni zaneleyo entuthumbweni, kodwa oko iLizwi likaThixo liyakwenziwa libonakale. Uzalelwe isizathu, kwaye akukho mntu unokuthabatha indawo yakho. Ungaba nabalinganisi nayo yonke into engenye, kodwa abasokuze bathabathe indawo yakho. Injalo. ILizwi likaThixo liyakweyisa. Alinakusilela. Apho kulapho wonke umKristu afanele eme khona, ekwazini oko—oko. Kwaye imvavayo ziyakuza, kukhangeleke yonke

indlela, kuwe. Kodwa khumbula, uThixo unesizathu, kwaye iyakusebenza ngokulungileyo.

⁹⁵ Ngoku masibizele emva e—ezimbalwa iziganeko zeLizwi likaThixo lizalisekiswa, kunye nabo abathwala iLizwi kwisigaba sabo.

⁹⁶ Ndi—ndive ngokuvakalelwa kuMoya, kungekudala, okokuba umntu othile ebendigxeka. Kusenokwenzeka kube kukumhlaba weteyiphu. Ngokusoloko ndibhekiselela kakhulu, ukubuyela emva ndize ndichole izimilo zeBhayibhile koko ndikutshoyo. Ke, ndikwenzela isazathu oko. IBhayibhile itshilo ezi zinto zibhaliwe ukuze sibe nokujonga kuzo. Kwaye leyo kuphela kwindlela, ekungabini namfundo, indlela ekuphela kwayo endinokuyenza, kukubhekiselela emva ndize ndithi, “Uyabona apho *oku* kumi khona, kwenzeka ntoni ngako, kuphi apho *oku* kwenzeka khona.” Yabona? Kuze emva koko uzibeke wena nje phaya.

⁹⁷ Njengoko ndandishumayela, kungekudala, kwinkwenkwe encinci phandle enqanaweni, niyazi, kwaye u—umphathi omdala wayesifa. Wayegula. Waze wabuza ukuba kwakungekho iBhayibhile na enqanaweni. Babamba inkwenkwe encinci eyayineBhayibhile, yaze yeza yafunda ku Isaya 53:5. “Wahlatywa ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa.” Yaze yathi, “Mayithi... Mandikuxelele, mphathi, indlela awayeqhele ukuyifunda ngayo umama wam.” Yathi, “Nantsi indlela abhale ngayo. ‘Wahlatywa ngenxa yezikreko zikaWilly Pruitt. Kwaye Wabethwa ngenxa kaWilly Pruitt. Kwaye zonke ezi zinto Awazenzwayo, kwakungenxa kaWilly Pruitt.’” Elo yayiligama lakhe.

Umpathi omdala wathi, “Ndiyakuthanda oko. Ungafunda igama lam kuyo?”

⁹⁸ Yathi, “Ndiyakuzama.” Yaze yathi, “Wahlatywa ngenxa yezikreko zikaJohn Quartz. Watyunyuzwa ngenxa yezenzo ezigwenxa zikaJohn Quartz. Kwaye ngemivumba Yakhe uJohn Quartz waphiliswa.”

Wathi, “Ndiyayibona.” Yaze iNkosi yamphilisa. Yabona?

⁹⁹ Funda igama lakho kuyo. Wahlatywa ngenxa yezikreko zikaWilliam Branham. Watyunyuzwa ngenxa yezenzo ezigwenxa zikaWilliam Branham. Wakwenza okuya ngenxa yam, kwaye Wakwenza okuya ngenxa yakho. Funda igama lakho kuyo.

¹⁰⁰ Kuhle, leyo yindlela endithanda ukuzisa iSibhalo ngayo kwabam—bam abantu, koko Wakwenzela omnye umntu ongomnye owathi waMthobela. Oko Wakwenzayo komnye umntu ongomnye owayenyanisekile kwiSizathu, naWakwenzayo komnye umntu ongomnye owayenganyanisekanga kwiSizathu, ngoko ufunda igama lakho kuyo. Ukuba ubunokuba phaya,

yeyiphi indawo obunokuthatha yona? Kwaye khumbulani, ninenyhwaba, namhlanje, yokuthabatha uhlobo olunye lwendawo.

¹⁰¹ Xana, uNowa, kungcikivo lweLizwi awathi uThixo walithetha kuye. UNowa, kwakukho ungcikivo. UNowa waphila kwisigaba senzukulwazi, apho kwakukho iimpumelelo zobunzululwazi ababenakho ukuzenza, ezazingaphaya kwayo nayiphi into esiyenzileyo namhlanje. Babehlakaniphile, bekrelekrele ngakumbi. Inzululwazi yabo yayikude kakhulu, kweyethu. Kwaye nje khumbulani, kwafuneka amelane nongcikivo lweLizwi awalishumayelayo, ikhulu elinamashumi amabini eminyaka, ebusweni babagculeli. Ezabo iindlela ezinkulu zobunzululwazi zabaqinisekisa ukuba kwakungekho mvula ezibhakabhakeni. Kodwa, noko, uNowa wayevile iLizwi leNkosi, kwaye Lalichasene kunqulunqo lwazi lwabo ngaLo. Ke, phambi kokuba ubomi bakhe bube nokusindiswa, kwafuneka eme ebusweni aze athwale ungcikivo abathi abo bagculeli bamngcikiva yena ngalo.

¹⁰² Owu, akukho ntandabuzo, kufanele baziva bemsizela umshumayeli omdala. Kwakungadingeki ukuba bangxotho okanye nantoni, ngokuba mhlawumbi kwakungekho zindlu zininzi zolwahlobo kula mhla. Wayengeyongozi. Wayengazukwenzakalisa mntu, ke bamyeka nje. “Qhubeka, mbaxi omdala phezulu phaya kwicala lala nduli, usakha inqanawa kude phandle apho kungekho manzi. Owu, kulungile, usizi lomfo omdala! Kodwa,” kwaye besithi, “uzakuwafumana phi amanzi akho, ukudadisa isikhophe sakho, Nowa?”

“Iyeza isihla ukusuka ezibhakabhakeni.”

¹⁰³ “Ubuvuvu. Singadubula inyanga neenkwenkwezi, ngesibonisi-kude,” nokuba yintoni ababenayo. “Akukho mvula phezulu phaya.”

Kodwa wathi, “UTHixo utshilo Wayezakubeka ethile phezulu phaya.”

“Uzakuyenza njani Yena?”

¹⁰⁴ “Leyo yingxaki Yakhe. Kuphela kwento endifanele ndiyenze kukunilumkisa ukuba nimke apha.”

¹⁰⁵ Imalunga nento ekwanye ngoku. “Kuphi apho usuka khona umlilo?” Mzalwana, ibucaca kakhulu namhlanje kunokuba yayinjalo ngexesha likaNowa. Sesiwubona apho ukhoyo. Ulungele nje ukuntlitha, kuko konke. Inzululwazi sele... Akukho kuzithethelela ngeli xesha, konke konke, kuba inzululwazi sele iwufumene. Ewe, mhlekazi.

¹⁰⁶ Ke ngoku siyafumanisa ukuba yayiyinto ngenene. Ke baziva bemsizela umshumayeli olusizi omdala, baze bamyeka nje waqhubeka. Yayiyinto engaqhelekanga, mhlawumbi, kwabo abantu, ukucinga ukuba indoda eyayifanele ibekrelekrele, ibe

iyakukholelwa ukuba uThixo, uMdali wamazulu nomhlaba, uyakwenza into, okanye atsho into Awayeyakuyenza, eyayichasene nendlela yokucinga kwabo, oko babenako. Mhlawumbi aniyifumenanga. Jongani. Yayi. . . Babcinga ukuba babenokuqondakalisa yonke into yendalo ngenzululwazi. Ukuba oko asilohlobo lwehlabathi esiphila kulo namhlanje, elikrelekrele, lemfundo ihlabathi elizele inzululwazi! Kwaye yonke into ababenokuyiqondakalisa, ukuba iphosisile, uThixo. . . “Akukho Thixo onokuze athethe nantoni enokuthi (eyayi) ibe nokuqondakaliswa ngobunzululwazi ukuba yayingekho phaya.”

¹⁰⁷ Ngoku, banoluvo olukwalunye nanamhlanje. Ukuba ugqirha utsho ukuba unomhlaza, ufanele ufe, kwaye inzuluwazi iqondakalise ukuba unomhlaza, kwaye ukwisigaba esihambele phambili, kukusa ukucinga nantoni eyahlukileyo, ngokuba uzakufa; kuko konke. Inzululwazi ithe uzakufa. Bakuxilongile, kwaye kuko konke okwayo. Uzakufa. Kwaye bacinga kukuphambana ukuba uzama ukutsho ukuba uThixo uthembisile ukuyenza. Yabona, njengoko yayinjalo, kufuneka umelane nolwa ngcikivo.

¹⁰⁸ Bathi, ukuba ugqirha uthe apha, “Siyijongisisile, kwaye umhlaza uhambele phambili. Sikuvulile. Wonke utyhutyhe umzimba wakho, kunye nasentliziyweni, emiphungeni, esibindini, wonke. Akunakwenzeka.”

Ke, niyabona, xa nithi, “Kodwa uzakuphila, nakanjani.”

Bathi, “Ke, usizi lomfo, myekeni nje yedwa.”

¹⁰⁹ Ndiyakhumbula ubusuku. UBill Hall, uMzalwana uHall ezantsi kwibandla iMilltown, abaninzi benu bayayikhumbula imeko. Kwaye xa yena. . . Bandibizela phandle. Umfazi wam, umama-zala kunye nam, saphuma apha. Watshata intombi eyayingudade, ndiyakholwa, kuGeorge Cupp, wayengusodolophu wesixeko, okanye umgwebi apha. Eyakhe. . . Lowo yayingusibari wakhe. Bamnyusa bamzisa apha ukuba afe. Ugqirha eMilltown, ugqirha eNew Albany, wayixilonga imeko yakhe njengomhlaza wesibindi. Ke ndehla ukuya kubona uNkskz. Hall. Kwaye wayenesifo senyongo, kwaye wayelubhelu wonke. Kwaye ndathi, “Ke, ndiyaqikelela uzakufa.” Ndaza ndathi. . .

¹¹⁰ Wathi, “Mzalwana uBill, ingaba kukhona nayiphi indlela ene. . . Ugeva kuThixo?”

Ndathi, “A—andiyazi, Dade Hall. Ndingathandaza.”

¹¹¹ Ndathandaza. Ndaza ndabuyela ekhaya, yaze iNkosi ayathetha nto kum. Emva koko ndabuyela emva, kusuku elilandelayo, ndaza ndathandaza kwakhona.

Waze wathi, “Ingaba akumazi nawuphi ugqirha olungileyo?”

¹¹² Ndathi, “Kuhle, ugqirha wosapho lwethu nguGqr. Sam Adair, ezantsi apha eJeffersonville. Yena u—yena u—yena u... Uyise wayengugqirha wosapho lwethu. Omncinci uSam kunye nam sasoloko singabahlobo abasenyonweni, kwaye—kwaye saya esikolweni malunga nexesha elinye, sakhuliswa kunye. Sasoloko sisiya kuye xa nantoni ingalunganga.”

Wathi, “Andazi ukuba uyakuza azokujonga uBill Hall?” umyeni wakhe.

Ndathi, “Ndiyakumcela.”

¹¹³ Kuhle, wathi kum uSam, wathi, “Billy, ukuba ugqirha uthe wayenomhlaza,” wathi, “kukho into enye kuphela, yokuba ndiyenze mna, ndiyakumthumela kumntu ohlakaniphileyo kunam, kwingcali. Kwaye siyakuthabatha iix-reyi; kwaye asiyi kumbeka phantsi kwengaphezulu ingxaki kwakhona.”

¹¹⁴ Sathumela eNew Albany safumana iix-reyi kugqirha ezantsi apha. Samsa eLouisville waxilongwa, samsa ngaphaya ngenqwelo yezigulana, sambuyisa.

¹¹⁵ Ke, kakade, wayengayikutsho kuNkskz. Hall yayiyintoni ingxaki yakhe, ke wandibiza. Wathi, “Uzakufa,” wathi, “umhlobo wakho umshumayeli.” Wathi, “Ingcali eLouisville isandula kunditsalela umnxeba, wathi, ‘Uxilongo oogqirha abalunikezeleyo kwi—kwi...ezantsi eMilltown; nogqirha, New Albany; wanikeza ngolulungileyo uxilongo.’” Wathi, “Ngumhlaza wesibindi, kwaye uhambele phambili. Kwaye, Billy, asinakusika sikuphe isibindi sendoda, ize yona iphile.” Wathi, “Izakufa. Kwaye ukuba ingumshumayeli, ifanele ilungele.”

¹¹⁶ Ndathi, “Lowo asingombuzo. Kodwa akekho ngaphaya kwamashumi amahlanu anesihlanu eminyaka ubudala, ke isenobuninzi ubomi kuyo okwakalokunje, ukuba ishumayeleye.” Ndaze ndathi, “Kulungile, ukuba izakufa, oko kuyigqibile ngoko. Enkosi, Gqr. Sam.”

¹¹⁷ Ndaza ndehla ndabiza uNkskz. Hall aphume, ndamxelela. Ndathi, “Nkskz. Hall, uSam utshilo ukuba uxilongo lwaseLouisville phaya lwalukwalinye njengoko belunjalo eNew Albany naseMilltown. Indoda iyafa. UMzalwana uHall uzakufa. Kwaye unomhlaza esibindini, kwaye uhambele phambili.”

¹¹⁸ Waze waqalisa ukulila. Ndaphethuka, ndathandaza nayo. Kwaye yayingaphaya kwesiqu sayo kakhulu, ngoko, de ingazi ukuba ndandisegumbini.

¹¹⁹ Ke, ndabuyela. Kwaye iqela labantu babezile endlwini, ngezo ntsuku. Kwakungekho namnye umntu edlelweni. Lalingekangcoliseki ngokungako ukuba kuninzi, kwaye abantu babesuka ndaweni zonke.

¹²⁰ Ndandifuna ukuphumla kancinci. Ke ndanyebelezela, ndavuka ekuseni, malunga necala leyesibini, okanye intsimbi

yesithathu. UMzalwana uWood wayengekanyukeli esitratweni ngeloxa. Ndaza ndajonga endleleni, kwaye kwakungekho, kungekho mntu phandle phaya, ke ndathabatha umnqwazi wam omdala ndatshona egumbini lemfihlo, ndathabatha umpu wam oyi .22. Kwaye ndandizakuphuma ndiye kuzingela oonomatse, de kube malunga nentsimbi yesibhozo, ndize emva koko ndilale phantsi komthi ndaweni ithile ndize ndizifumanele ukulala kancinci. Akunakufumana endlini.

¹²¹ Ndathabatha umnqwazi wam ndaqalisa ukunqumla igumbi. Kujinga eludongeni yayili apile. Kwaye ya—yayilelona lonakeleyo i-apile. Lalidliwe zimpethu, kwaye lalingamaqhuma, kwaye lomile lonke. Ndaza ndacinga, “Uyixhomele ntoni lanto eludongeni uMeda?”

¹²² Ndaza ndaqwalasela, kwakhona, kwaye lalingekho eludongeni. Lalinga emoyeni. Ndaxhuzula ndothula umnqwazi wam omdala, ndabeka umpu egopheni, ndaza ndawa emadolweni. Ndathi, “Nkosi, yintoni Ofuna isicaka Sakho siyazi?”

¹²³ Ukwehla kusiza elinye, ukwehla kusiza elinye, de malunga nesine okanye isihlanu sama-apile (Ndilibele ngoku nje yayingawaphi) ejinga phaya. Emva koko elikhulu, elihle i-apile, imiga kulo; nje elikhulu, eliphilileyo ukujongeka i-apile, lisehla laze laginya lawo abolileyo ukujongeka ama-apile. Waze Wathi, “Phakama. Yima ngeenyawo zakho.” Wathi, “Hamba, xelela uBill Hall, akazukufa. Uzakuphila.”

¹²⁴ Owu, ndabaleka ngokukhawuleza njengoko ndabanakho, ndaza ndathi, “Nkskz. Hall, ndifumene u ITSHO INKOSI. Izakuphila.” Kwaye yandiva. Yayizama ukulila, yaza ayabinakho ukuthetha kwakhona.

¹²⁵ Ndabuyela ndaza ndabiza uSam. Ndaze ndathi, “Sam, umzalwana wethu—wethu uzakuphila.”

Wathi, “Uzakuphila njani ngolwahlobo?”

¹²⁶ Ndathi, “Asikokwam ukuqikelela. UThixo utshilo njalo. Oko kuyigqibile.”

¹²⁷ Uyaphila namhlanje. Oko kube kumalunga neshumi leminyaka eyagqithayo. Nje ukomelela nempilo. Inkosikazi yakhe yafa kusukela ngoko. Uphinde watshata kwakhona.

¹²⁸ Izakwenzeka njani kuGeorge Wright, kwaye abaninzi ngakumbi esithi, oko sinokubiza? Yintoni? Kukumelana nongcikivo. Bayahleka bahlekise.

¹²⁹ Ndiyakhmbula xana phambi kwempuphuma yomnyaka u37. Ndema phaya kunye neFalls City Transfer Company, kwaye ndandibaxelela bona malunga, kwakuzakubakho amashumi amathathu anesibini eenyawo amanzi, ndiyakholwa yayingawo, eSpring Street. Bandihleka. Bathi, “Usizi lukaBilly. Ndiyaqikelela yena...La ntwana!” Ndandiseyinkwenkwe

nje ngoko. Wathi, “UBilly yintwana elungileyo. Lihlazo uthe waphixana.” Ndandingaphixananga. Ndandibhaptiziwe *kuyo*, hayi ukuphixana. Nje ndandi “kuyo”. Kwaye yenzeka nje ngala ndlela.

¹³⁰ Kusukela ndithetha, ndiqaphele uDade uHattie Wright, ndiyakholwa, ehleli ngasemva phaya. Yena uyayikhumbula lameko emalunga noBill Hall. Abaninzi. Bangaphi abalapha, abakhona ngale ntsasa, abayikhumbulayo imeko? Owu, bethu! Ngokuqinisekileyo. Kukho abaninzi benu.

¹³¹ Ngoku, bayasisizela, basizela wonke ubani othi azame ukubambelela eLizwini, kwimihla yabagculeli. Kodwa, khumbulani, ungcikivo kufuneka luze. Yasoloko ingala ndlela. Kufanela bacinga, njengoko benzayo ngoko, ukuba uThixo, emva kwento nayiphi yayiqondakaliswa ngobunzululwazi, okokuba uThixo akayi kuthetha nanto eyayichasene nenzululwazi. Ke, oko koko okumenza Yena uThixo. Ukuba nje Wayeyakuhamba ngokokwenzululwazi, ngoko ibingayi kuba ngaphezulu kunoko nje umntu anokuphumelela. Kodwa, Yena nguThixo. Ungu—UnguMdali wenzululwazi. Angenza oko Akunqwenelayo.

¹³² Kufanele bacinga, “Usizi oludala uNowa, ke, myekeni yedwa umfo omdala. Uphoswa lulo lonke ulonwabo esinalo kulemihla, ke myekeni nje yedwa.” Imalunga nento ekwanye ngoko.

¹³³ Kodwa, ngoku, ndifuna ukutsho enye into kanye apha. Ngoku, sikhangelwa emva size sincome ukhulo lwakhe. Kodwa ndiyamangala, ukuba besiphile kula mhla, ingaba besinokuthabatha okwa kuma kunye awathi uNowa wakuthabatha? Besingabanakho kwaye sifune ukumelana nongcikivo olwaphuma neNyaniso? Xana, kuzo zonke izigidi ezazikhona ehlabathini ngoko, kwakukho kuphela uNowa kunye nosapho lwakhe abamela iNyaniso. Ingaba nicingile ngayo? Nje la ndoda kunye noonyana bayo abathathu, noomolokazana bayo, unkosikazi wayo, babekuphela kwabo abamela la Nyaniso. Kodwa babeno ITSHO INKOSI. Sikhangelwa emva size simncome. Singakhe siyicinge kwakhona?

Kufanele ndikhawulezise ngenxa yezizipho zabantwana.

¹³⁴ U-Abraham, kwa elo gama *Abraham* lithetha “yise wesininzi,” limenza “uyise wezizwe.”

¹³⁵ Ngoku, u-Abraham weva iLizwi likaThixo. U-Abraham wayengumprofeti, kwaye weva iLizwi likaThixo. Kwaye siyamncoma u-Abraham ngokubambelela kwakhe kwiLizwi likaThixo; indlela awazahlula ngayo kwizizalwane zakhe; indlela eyayinzima ngayo ku-Abraham. Wayekhuliselwe phaya. Ukwehla ukusuka eBhabeli, kwaye—kwaye wayephaya ezantsi kumhlaba wama Shinari nama—ma—maKhaledi, kwisixeko sase Ure, apho bonke abazalana naye, abantu bakubo, kunye nabo awayesiya ebandleni nabo, nayo yonke into. Kodwa uThixo

wathi, “Zahlule.” Owu, bethu! Enjani ukubambi into eyayiyiyo, ukushiya konke awayekuthanda, yonke into eyayiyeyenene kuye, awayeyithanda. Kwaye uThixo wamxelela, “Zahlule.”

¹³⁶ Waza wamnika into engaqhelekanga ngenene. “Uzakuba nomntwana ngoSara unkosikazi wakho.” Kwaye wayengamashumi asixhenxe anesihlanu, kwaye yona ingamashumi amathandathu anesihlanu. Yayiyekile ukuba naye njengomfazi, njengendlela yabafazi eyayiyeyokuzisa abantwana, iminyaka. Kwaye apha, emva kokuhlala naye kusukela eyintombi, ngokuba wayesisiqingatha sodade wakhe, kwaye ngoko wayezakumzisa njani la mntwana? Kwaye ngoku ungafane ucinge ngo Abraham ephuma phakathi kwezizalwana zakhe, esithi, “Sizakubanomntwana, uSarah nam”? Ungafane ucinge oko?

¹³⁷ Kutheni, abantu bathi, “Usizi lomfo omdala, kukho into engalunganga naye.”

¹³⁸ Yingcikivo, kodwa u-Abraham wabambelela kuyo. Kwaye xana wayelikhulu leminyaka ubudala, akazange agxadazele kwisithembiso sikaThixo. Wayesamelene nongcikivo, ngokuqinisekileyo, ebambelele kuso.

¹³⁹ Uqaphele umahluko khonaphaya? USarah wazama ukunika u-Abraham, okanye ukunika uThixo, gxebe, intwanana yoncedo, ngokwakhe. Wacinga, uyazi, okuya, ngenye indlela kunoko uThixo akuthembisileyo. “Ngoku, uyazi, ndingumfazi omdala, kodwa uHagare apha ngumfazi omhle. U-Abraham akanangxaki yakumtshata yena, naye. Ke, uyazi, oko kuya—oko kuyakumnceda uThixo. Oko kuyakumnceda uThixo, kuba uHagare, apha, mhlawumbi unamashumi amabini eminyaka ubudala kuphela. Sisicaka sam. Kwaye uyazi into endiyakuyenza? Ndiyakumnikezela kumyeni wam, ukuba abe ngunkosikazi,” kuba isithembu sasisemthethweni. Ke wathi . . . “Ndiyakumnika yena, kwaye uyakuba nosana ngomnyeni wam, kuze emva koko ndiluthabathe usana. Kwaye ngulowo, uThixo amthembisileyo.”

¹⁴⁰ Niyabona, sisoloko sizama ukwenza into; asinakulinda Yena. Kufuneka senze into, ngokwethu. Ingabe yayilungile. Angabe waye emhle. Ingakhangeleka intle kakhulu, kodwa yayingekho ngokweLizwi. UThixo waxelela u-Abraham, “Usana lwalusiza ngoSarah.”

¹⁴¹ Niyakhumbula oko Awakutshoyo malunga noMhlanjana omncinci? “Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.” “Njengoko kwabanjalo ngemihla kaNowa, kuyakubanjalo ekufikeni koNyana womntu, khona apho abambalwa, kuphela esibhozo imiphefumlo, eyasindiswayo.” Loo Mazwi awanakusilela, ke masiqaphelisisise kwaye sihlale neLizwi. Kulungile. Yabona?

142 Abantu basoloko bezama ukwenza into ethile, ukuthabatha indawo yentando kaThixo yokudala. Niyabona, njengoko ndasoloko ndisitsho, kwaye mhlawumbi ngaphambi kwebandla, ngaphambi, niyazi, akunakucela igusha, “Ungandivelisela uboya?” Hayi, ayinakuyenza lonto. Ngoku, ibhokhwe ayinakwenza boya, ngokuba indalo yayo ayinakuyivumela. Akukhathaliseki kukanganani uzama ukubophelela igusha yoboya kwibhokhwe, ayisokuze isebenze. Ibhokhwe ayinakwenza boya, kwaye igusha ayivelisi nwele. Kodwa inoboya ngokuba yigusha. Yilonto eyenza ibe yiyo. Ayivelisi.

143 Asifanele senze ziqhamo zikaMoya. Sifanele sithwale isiqhamo sikaMoya. Umthi we apile awenzi ma apile; uyawathwala nje ngokuba ngumthi wama apile.

144 Kwaye ukuba sizama ukwenza into ethile, “Ndiyakuncedisa iSizathu. Ndiyakufundisisa iminyaka elishumi kwisikolo sakwalizwi. Ndiyakufunda *oku, okuya, okanye okunye*, ndize ndifumane iSidanga soBugqi kunye nesidanga sobuGqirha. Ndiyakunceda iNkosi, ndedwa.” Ayisokuze isebenze.

145 UThixo, ngomiselo lwexa lwangaphambili, ubiza lowo Athandayo ukumbiza. Unikeza ngoBukumkani kuye nabani lowo Anqwenela ukuBunikeza kuye. Sikufundile oko ngoNebhukadnetsare.

146 Sikufundile oko ngo—ngoYeremiya. Xana uThixo wamxelelayo oko ngeLizwi leNkosi, ukuba kwakuzakubakho ixesha uSirayeli awayezakuthwalelwa eBhabhiloni iminyaka engamashumi asixhenxe. Naku kusiza omnye umprofeti. Wayesele emxelele, wathi, “Ngoku, uyakuba nabaprofeti, bayakuvuka. Kwaye uyakubanabo ezantsi phaya eBhabhiloni, abayakuvuka, nabaphuphi nabaprofeti, abayakuprofeta ngokuchaseneyo nOku. Kodwa xelela abantu bangaphulaphuli kwabo bantu.”

147 Kwaze kwaphuma indoda ngegama lingu—lingu, omnye wabaprofeti, uHananiya. Kwaye xana uYeremiya wayemi phaya kunye nedyokhwe entanyeni yakhe, kwavela uHananiya, wathi, “ITSHO INKOSI; Kwiminyaka ezeleyo emibini, zonke iingobozi zeNkosi. . .” Ngoku, ngokweziseko, ikhangeleka intle kakhulu. “UThixo uzakubasikelela abantu Bakhe. Uzakubuyisela yonke into ngqo ngokuchanekileyo, kwiminyaka emibini.”

148 kwaye iBhayibhile yathi, nkqu umprofeti uYeremiya wathi, “Amen. Amen. Hananiya, yanga iNkosi ingenza amazwi akho enzeke. Kodwa masicinge ngento ethile, Hananiya. Kube kukho abaprofeti phambi kwethu, kwaye baprofeta ngokuchasene nezizwe ezikhulu zemfazwe, nanjalo njalo. Kodwa, khumbula, umprofeti waziwa emva kwesiprofeto sakhe sithe sabonakaliswa.” Yabona?

149 Emva koko uHananiya wenyuka, waxhakamfula idyokhwe wayisusa entanyeni kaYeremiya, ngaphambi kwababingeleli

bonke nebandla, mhlawumbi isigidi kunye nesiqingatha sabantu. Waza wathabatha la dyokhwe athe uThixo wayibeka phezu kwentamo kaYeremiya, ukwenzela umqondiso, wayaphula yaba ziziqwenga, waze wayilahla ezinyaweni zakhe, ethabathekile nje, wathi, “ITSHO INKOSI; Kwimnyaka emibini, bayakubuya.”

¹⁵⁰ UYeremiya wajonga nje kuye. yayichasene eLizwini, ke wasuka wemka. Kwaye uThixo wathi, “Buyela emva umxelele,” wathi, “Andizange ndithethe naye.”

¹⁵¹ Wayethabathekile nje. Wathabatha ukuthabatheka okukokwakhe. Yabona? Akazange alindele de ncakasane ayibone aze ayazi yayingenguye, okokuba yayinguThixo owayeyitsho. Wabuyela emva, ethabathekile. Ukuba. . .

¹⁵² Siyayifumanisa, kunqumla isizwe, namhlanje. Enye yeeteyiphu zethu yayidlalwa kungekudala endlwini, apho iqela labalungiseleli lakholiseka kanye ngoko, kwaye lalisiza kubhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Yaza indoda yaphakama egumbini, eyathetha ngeelwimi yathi, “ITSHO INKOSI. Bamblelani koko ninako. Qhubekani nje, nibheke phambili, kwaye ndiyakunisikelela.”

¹⁵³ Bathi, “Kuhle, ukuba iNkosi ikutshilo oko, ndiyaqikelela yilonto.” Niyabona, ayixilongwanga ngeLizwi. Ifanele ithabatha iLizwi, kuqala. Nako ke apho ukhoyo. Yayichasene neLizwi.

¹⁵⁴ Naku kusiza uYeremiya emva, la mprofeti uthanjisiweyo. UThixo wamxelela, wathi, “Ndiyayazi uHananiya waphule ladyokhwe yomthi phezu kwentamo yakho, endithe Ndayibeka, kodwa ndiyakwenza enye ngentsimbi.” Wathi, “Kwaye zonke ezi zizwe ezithe zehla ukuyakukhonza uNebhukadnetsare, umkhonzi waM,” kwaye wayengumhedeni. Yabona? Kwaye uSirayeli, begcine onke amadini abo, kodwa babenga. . . Yabona?

¹⁵⁵ UThixo wenza isithembiso, sokuba Uyakubasikelela, kodwa zona iintsikelelo ziphantsi kwemiqathango. Kwaye kufanele uhlangabeze lomiqathango, ukuze ukwenze oko kusebenze.

¹⁵⁶ Ukuhlala, ithutyana eligqithileyo, kunye nencinci, elungileyo intombi apha. Kuqala, ndiluphandile olwasapho, ukubona ukuba kwakukho nantoni na engalunganga. UThixo uyakuyiphilisa, kodwa kuphantsi kwemiqathango. Yabona? Kuphela kwento endiyifumanayo, yayikukuba, unina esoyika ukuba kwakungalunganga ukuthabatha iyeza. Ndathi, “Sukuyicinga lonto, dade. Kususe oko engqondweni yakho. Qhubeka nalamntwana. Mnike iyeza. UThixo uyakuyenza yazeke.” Yabona?

¹⁵⁷ Ngoku, kodwa, into eyiyo, fumanisa, yazi. Kwaye ngoko, ukuba ngu ITSHO INKOSI, kulungile.

158 Ngoku siyafumanisa apha ukuba, aba bantu, babezama ukwenza into ethile; UHagare no—noSara, ukunceda u-Abraham, ukunceda uThixo ukwenza isithembiso Sakhe sinyaniseke. Akunakuyenza lonto. Akukho ndlela, konke nkonke, yokuyenza. I—ichasene nento yonke. ILizwi likaThixo lizakwenzeka, nakanjani. Ufanele nje ume kanye eLizwini, uthi, “*Liyilendlela,*” uze ugcine iLizwi. Ngoku, qaphelani, ukwenza into ethile ukuba ithabathe indawo yeLizwi Lakhe!

159 Mhlawumbi izihlobo zika-Abraham, nazo, ukuba sakhe saqaphela, mhlawumbi izihlobo zika-Abraham zaya phaya zathi, “Ke, yise wezizwe, bangaphi abantwana onabo ngoku?” Xana wayenekhulu leminyaka ubudala. “Yitsho, yise wezizwe, yise wabaninzi, bangaphi abantwana onabo ngoku?” Abagculeli!

160 Ngoku, ingaba anilibonanga ixesha? Ingaba asiyibonanga, xana ngamanye amaxesha sithandazele into ethile, ayenzeka?

161 “Apha kuhleli indoda endala,” batsho. “Yimfama. Sisithulu. Sisimumu. Iyagula. Yenze *oku*. Yiyani ngaphaya nibaphilise, nina baphilisi abaNgcwele. Siyakuyikholelwa.”

162 Ingaba bayaqonda ukuba ngulamtyholi okwamnye owathi, “Yehla emnqamlezweni, kwaye ndiyakukholelwa Wena. Jika la matye abe zizonka, kwaye ndiyakuyikholelwa?” Yabona? La mtyholi ukwamnye owabophelela ilaphu emehlweni eNkosi yethu, waza waMbetha entloko ngentonga, waze wathi, “Ngoku, ukuba Ungumprofeti, sixelele ngubani okubethileyo Wena, kwaye siyakukholelwa Wena.”

163 Ke, uyazi Wayazi ngubani owaMbethayo. Wayenokujika loo matye abe zizonka. Okanye, Wayenokwehla emnqamlezweni. Kodwa yintoni ebesiyakuba yiyo namhlanje ukuba Wehlayo? Yabona? Abayazi inkqubo kaThixo. Kufuneka ufumane oko uThixo akuthembisileyo.

Ngoku kufuneka ndikhawulezise.

164 Ngoku, ngoku banokuba bathi, “Yise wezizwe, sikuvile, amashumi amabini anesihlanu eminyaka agqithayo, usithi wawuzakuba nomntwana ngoSarah, kwaye kokuya kwakuzakuphuma izizwe zabantu. Nje bangaphi abantwana onabo ngelixesha, yise wezizwe?” Huh! Yabona? Lowo ngokwamnye umoya ongxekayo oyakugxeka.

165 Yinto awayenzayo u-Abraham? Wathi, “Zange agxadazele kwesa sithembiso, ngokungakholelwa.”

“Kutheni, apha nithandazele u*Sbani-bani*, kwaye bangaphili.”

166 Oko akunamsebenzi. Ukuba ndithandazela amawaka alishumi ngobubusuku, kuze amawaka alishumi afe kusasa, ngomso ebusuku ndisathambisa abagulayo ndibathandazele. UThixo utsho njalo. Akuyithinteli, nantwana. UThixo

uyithembisile. Ndiyayikholelwa. Ngokuqinisekileyo. Akwenzi namnye umahluko oko bakutshoyo, futhi. Kodwa, bayagculela. Leyo yingcikivo yeLizwi.

¹⁶⁷ U-Abraham, emi eLizwini likaThixo, ekugqibeleni Lazalisekiswa. Owu, bethu!

¹⁶⁸ Qaphela ugculelo lobudlolo. Ukugculelwa, nongcikivo lobudlolo, kuqala. Baba... Kwafuneka amelana nongcikivo lokuba lidlolo ngayo yonke loo minyaka. Wayephantse kuba likhulu leminyaka ubudala. Wayengamashumi asithoba, kunye neLizwi likaThixo elathi uyakuba *yinkosazana*, unina wolusana. Kwaye yena no-Abraham, elidlolo, yobabini eyabo—eyabo imizimba injengefileyo, kodwa noko abazange bathandabuze ela Lizwi, nakancinci. Kodwa kwafuneka bamelane nokuya, kuqala. Kuze emva koko, haleluya, uThixo wagcina iLizwi Lakhe, kulayure emnyama: u-Isake wazalwa. “Kwaye imbewu yakhe injengentlabathi yolwandle okanye iinkwenkwezi zeZulu.” Yabona? UThixo usoloko ephendula iLizwi Lakhe. Ewe. Ubudlolo kuqala, emva koko u-Isake.

¹⁶⁹ UZakariya no-Elizabeth, ngokufanayo, laa ndoda indala nomfazi omdala, besabambebele. Kwaye xana uZakariya wenyukela phaya, kwaye enakho ukubhala ecwecweni lakhe, athi, “INGelosi ihlangene nam, yandixelela ndiyakuzisa umntwana ngo Elizabeth, unkosikazi wam omdala apha. Andikwazi kuthetha kwakhona. Ndisisimumu. Ndiyakuba sisimumu de ibe ngumhla umntwana ezalwayo. Kodwa kuzakuza umntwana, kwaye uzakuba ngumprofeti woseNyangweni. Uzakwazisa iKhwezi loKusa. Ngumanduleli kaMesiya.” Ingabakho njani?

¹⁷⁰ Abanye bathi, “Usizi lomfo omdala. Owu, ndi—ndiyaqikelela uluhlobo lokuphuma kancinci kwintloko yakhe, niyazi. Kukho into ethile. Kodwa jonga ku Elizabeth omdala phandle phaya, kumashumi asibhozo. Kwaye khangela—khangela—khangela kuZakariya, mdala kakhulu kwaye uyangcangazela, kwaye ngoko uzakutsho into enjeya ngaleya. Ke, usizi lomfo omdala.”

¹⁷¹ Kodwa wayeneLizwi leNkosi. Enjalo ingcikivo, de wazifihla iintsuku eziliqela. Kodwa wahlala neLizwi. Owu, bethu!

¹⁷² Esala indumasi, esala uluvo lwendumasi, esala ukuhombisa komhla, kunye nezangotshe nezinto zomhla wabo. Bayala. Bala ukuhamba nesihlwele sabangakholwayo. Bazala izinto zehlabathi. Kwafuneka bayenze, bahlale neLizwi likaThixo. Kwafuneka bayenze.

¹⁷³ Ke injalo namhlanje. Uyazahlula kwinto yonke kuphela nguwe noThixo. Asikuko oko ibandla elikwenzayo. Koko wena ukwenzayo noThixo. Yabona? Nguwe, njengesiqu. Ewe.

¹⁷⁴ Kodwa jonga oko uThixo wakunikezayo. Xana uYesu Ngokwakhe wazayo, uZakariya wayemkile, u-Elizabeth, naye. Kodwa xana unyana wabo wafikayo entlango, no ITSHO

INKOSI, UYesu wathi, “Akuzange kubekho mntu uzelwe ngumfazi umkhulu njengoko wayenjalo.” Amen. Intoni? Wava ingcikivo yobudlolo. Wahhlala kwiLizwi, waze wazisa onjeya unyana.

¹⁷⁵ NjengoSarah wakudala, njengo Abraham wakudala, izibini ezidala sabambelela kuyo. Khangela, isininzi esakhe sazalwa, “njengentlabathi yolwandle,” akukho hlanga labantu ehlabathini luninzi njengamaYuda. “Njengentlabathi yeelwandle okanye iinkwenkwezi zesibhakabhaka.” Kwenzeka ntoni? Yenzeka kweligcuntswana, umntwana omnye.

¹⁷⁶ Ngoku niyabona apho ndiya khona. Umntwana omnye, kukokonke okwayithabathayo. Yathabatha umntwana omnye ukushukumisa izizwe azikhombise kuMesiya. Yathabatha omnye, othobeleyo. Injalo lonto. UThixo udinga indoda nje ibenye. Kuko konke akudingayo Yena, ndaweni ithile Angabanalo izwi. Kuko konke Akufunayo, ukufumana indoda ibenye kulawulo Lwakhe. Owu, indlela Athanda ngayo ukufumana indoda ibenye!

¹⁷⁷ Wafumana uNowa, ngelinye ixesha. Wafumana u—Wafumana uMoses, ngelinye ixesha. Wafumana u—uYeremiya. Wafumana u—u Eliya. Wafumana u-Elisha. Wafumana uYohane. U—Ufumana...Wafumana uSamson. Okoko nje Afumana indoda ibenye kulawulo Lwakhe, elo liZwi Lakhe. Angathetha ngalo. Angohlwaya ihlabathi. Owu, bethu!

¹⁷⁸ Indlela Yena alambela nakhwela ngayo, ukuba afumanele indoda elulawulweni Lakhe, “Endinokuthetha ngayo. Ndingenza iZwi Lam laziwe. Nakubeni iyakumelana nongcikivo, kodwa Ndiyakwenza iZwi Lam laziwe.” Yabona? Owu, ewe.

¹⁷⁹ Ubudlolo, kuqala. Kufuneka uthwale, kufuneka umelane nengcikivo yobudlolo. USarah kwafuneka amelane nayo. Kwenzeka njalo kuZakariya naku Elizabeth kwafuneka bamelane nayo.

¹⁸⁰ Jonga, namhlanje. Ngoku ndizakutsho into. Khangela namhlanje kubantwana behenyukazi. Lithabathele izizwe phantsi kolawulo lwezopolitiko lobuhlelo, ihenyukazi neentombi zalo. Khangela esinjani isizukulwna samahlelo avukayo, kwaye angakanani ukuba mbalwa amalungisa. Musa ukukhathazeka. Hlala neLizwi. Konke kulungile.

¹⁸¹ Ungagculelwa, ubizwe umqengqeleki ongewe. Ungabizwa ngako konke, naluphi uhlobo lwegama elibi. Kodwa, hlala kanye phaya, LiLizwi, ungcikivo lweLizwi, into abayakuyitsho malunga nawe.

¹⁸² Umfo omncinci, angabe ulapha ngale ntsasa. Ngumhlobo wam; uJim Poole, omncinci uJim, abantu ba—bakubo. Wacelwa ngenye imini. Ke, wabhaptizelwa apha. Umntu othile wathi kuye, wathi, “Ukuba ubuyakubhaptizelwa ebandleni, kutheni

ungafuni ibandla elikhulu, into ethile?” Yabona? Kodwa wabona ukuKhanya. Yaba yilonto. Yabona?

183 “Baninzi abantwana bongendawo kunokuba bekho abelungisa.” Ehe. Kulungile. Indlela abambalwa ngayo, abelungisa! Jonga indlela abebambalwa ngayo ngomhla kaNowa. Yabona? Jonga okwakuyiyo ngemihla yeSodom. Yabona? Ambalwa kangakanani amalungisa!

184 Bangaphi abantwana behenyukazi elinabo! Lizisa nje abantwana nangayiphi indlela endala, kodwa bonke yimigqakhwe yabantwana. Ihenyukazi livelisa ihenyukazi. Inja ivelisainja.

185 NoKristu uvelisa abathanjiswa. IBhayibhile ivelisa amalungisa, ke kufuneka simele ingcinga yokuba ligquba elincinci. Enjani ukuzukiseka into ukuba yiyo!

186 Jonga kwibandla elikhulu lase Efese, kwakukho kuphela ishumi elinesibini kulo. Ehe. Jonga esinalo iqela namhlanje, icala lalo. Ehe.

Kwakukho kuphela imiphefumlo esibhozo ngemihla kaNowa.

187 Kwakukho kuphela emihlanu ngemihla kaLote, hayi, isine; uLote nomfazi wakhe, iintombi zakhe ezimbini. Kwaye wajika wasisimo selitye emveni kokuba wayephumile, ngokujonga ngasemva. Eneneni, emithathu yaphumayo ngala mhla.

188 Kwaye uYesu wathi, “Njengoko kwabanjalo ngaloo mihla.” Isifanele ukuba siqaphele kwaye silumke. Ambalwa kangakanani amalungisa! Kodwa, okoko, abagculeli bafanele bangcikive. Ubudlo-...Melana nongcikivo lobudlolo, kuqala. Bethu!

189 Kufanele nje ndikhawulezise. Ndi...Andi...Funa ukunceda ukufumana aba bantwana. Ndinyamezeleni nje ithutyana. Yabona?

190 Abantu basoloko beyinto enye oko. Ngoku ndizakutsho into kwakhona. Kwaye ndifuna nina...Kwaye andiyazi nokuba ishicilelwe, okanye hayi. Kodwa ukuba ikwiteyiphu, ndifuna nindimamele, nina bakwiteyiphu. Musani ukuyiphosa, kodwa yifundisiseni. Umntu ngoku ufana nawasoloko ekuko. Udumisa uThixo ngoko Akwenzileyo; ejonga phambili koko Ayakukwenza; kwaye engahoyi oko Wakwenzayo nakwenzayo. Udumisa uThixo ngoko Wakwenzayo; ujonge phambili koko Ayakukwenza; kodwa akahoyi oko uThixo akwenzayo, kwaye phaya aphose into iyonke. Ndiyathemba bayayifumana. Yabona? Abahoyi oko Akwenzayo! Uyakwazi Akwenzileyo; kwaye uyasazi isithembiso soko Ayakukwenza; kodwa uyasilela ukubona Akwenzayo.

191 Owu, nina maPentekoste, ukuba aningomzekelo wokuya! Nikhangele phambili kwinto emayenzeke: njengoko

kwasoloko, yenzeke kanye phantsi kwenu, kwaye aniyazi. “Kukangaphi ayakuniqokelela Yena, njengesikhukuza sisenza kumantshontsho aso, kodwa ningafuni.” Nixabise kakhulu izithethe zenu namahlelo kunokuba nisenza ngeLizwi Lakhe noMoya Wakhe. Ewe.

¹⁹² Enjani ingcikivo kuMariya! (Njengoko sivala.) Enjani ingcikivo kuMariya noYosefu, ngenxa yeLizwi Lakhe. Lixesha leKrisimesi. Bendicebe ukubamba nje ithutyana, kodwa niyakuva ngakumbi ngayo kunomathotholo nakubelusi, nanjalo njalo. Enjani ingcikivo kuMariya noYosefu, yokubambelela kwisithembiso seLizwi likaThixo. Khumbulani, ngoku. Umgculeli, owaphakamisa ishiya lakhe, xa bebona uMariya omncinci egqitha, bebona uYosefu. “Utshata ihenyukazi.” Yabona? Kwaye khumbula, mzalwana, ukrexezo yayikukufa ngezo ntsuku. “Ngoku, uyamkhusela ekubulaweni. Kufanele abe ngumdlezana ngawe.” Kwaye, kodwa, khumbulani, lonke ixesha, uThixo wayequbisana nabo, kwaye kwakungokweLizwi. Babengayazi. Yabona?

¹⁹³ “Intombi iyakuzala umntwana.” UYosefu wayazi lonto. UMariya wayazi lonto, ngokuba, emva kokuba iLizwi lalibhaliwe, kwabakho iNgelosi ithetha naye, ingqinisisa, okanye ibonakalisa kwa elo Lizwi elalibhaliwe, ukuba lalizakwenzeka. Musani ukuphupha ngoku. Cingani. UMoya oyiNgcwele uhlele emhlabeni; zange wathetha nebandla lonke. Wathetha nabo.

¹⁹⁴ UYosefu wajonga. Kwaye phambi kweNgelosi imhambele, wathi, “Kulungile, ngoku, ndiyamthanda. Kodwa, ndiyindoda elilungisa. Andinakutshata umfazi onjeya.”

¹⁹⁵ Yaze iNgelosi yeNkosi yabonakala kuye, ephupheni, yathi, “Yosefu, wena nyana kaDavide, musa ukoyika ukumthabathela kuwe uMariya unkosikazi wakho, kuba oko kukhawulweyo kuye kungoMoya oyiNgcwele.” Owu, bethu! Enjani intuthuzelo! Yabona?

¹⁹⁶ Kwaye, uMariya, endleleni yakhe eya emthonjeni. Intombi encinci, malunga neshumi elinesixhenxe leminyaka ubudala, ishumi elinesibhozo, itshata indoda ebitshatile ngaphambili kwaye inabantwana abane; indoda endala. Kwaye yena... Wayemthanda, kwaye—kwaye engazi kutheni. Kwaye emthanda, kwaye engayazi kutheni. Kwaye nabo bekho. besiza, besiya emthonjeni, ukuya kukha amanzi, kunye nako konke ukufundisisa kwizinto awaye—wayecinga ngayo, iZibhalo, akukho ntandabuzo, kwaze emva koko ukuKhanya kwabaneka phambi kwakhe. Xana okwakuKhanya kwabaneka, nako kumi iNgelosi.

¹⁹⁷ Andazi indlela uMariya omncinci awavakalelwa ngayo? Ingaba nakhe nacinga ngoko? Andazi ukuba wavakalelwa njengokoyika njengoko ndenzile izolo.

198 “Aah, Mariya!” *Aah* uthetha “yima.” “Thabathela ingqalelo koko ndizakuxelela kona. Usikelelwe phakathi kwabafazi, kuba ubabalwe nguThixo, kwaye uzakuba noMntwana. Ungazani nandoda, kodwa uzakuba noMntwana. Kwaye umzala wakho u-Elizabeth, engomdala, naye, ukhawule kananjalo, kwaye uzakubana nomntwana. Kwaye lemiqondiso iyakwenziwa.”

Wathi, “Ziyakwenzeka njani ezi, usazi, ekubeni ndingazani nandoda?”

199 Sathi, “UMoya oyiNgcwele uzakusibekela. LaNto iNgcwele eyakuzalwa kuwe iyakubizwa uNyana kaThixo.”

200 Bayeke abagculeli batsho oko bafuna ukukutsho. Wayeyazi. Wayeyazi iyakwenzeka, ngokuba uThixo utsho njalo.

201 Ngoku, indlela emakube wavakalelwa ngayo, ngala mini yokunikezelwa, okanye ukuzela ulwaluso loSana, xana phaya wayehamba enyuka kunye noluSana luncinci ezingalweni zakhe, *ngolwa* hlobo. Kwaye bonke abafazi begcine umgama wabo, bonke nemithungo yabo emihle, ukunikezela iintsana zabo kwaye benze zaluswe, phantse bonke babo betsala imvana. Kodwa wayenamahobe amabini, ecoca ungcwaliseko lwakhe. USana oluncinci lusongelwe ngeqhiya zedyokhwe, zenziwe kokusuka edyokhweni kumqolo wentamo yenkabi yenkomo, idyokhwe, umsongelo kumqolo wenkabi yenkomo. Leyo yayiyiqhiya yedyokhwe nje esitalini. Babengenanto ukwenzela Yena. Babengamahlwempu kakhulu. Kwaye nanku apha emile.

202 Akukho ntandabuzo, bonke abafazi bagcina umgama wabo kwintombi encinci. Bathi, “Niyabona, unomgqakhwe womntwana.” Yabona indlela uThixo enza izinto zibe gadalala ukujongeka. Owu, bethu! Ubeka nje uboya kanye phezu kwamehlo kaSathana. “Okunjani ukungcola! Obunjani ubumdaka! Ukrexezo. Yilonto ayiyo. Ngumkrexezi.” Oko zange kusiyekise esa singqi entliziyweni kaMariya omncinci. Bagcina umgama wabo kuYe.

203 Basenza into ekwanye, baMbize ngoku, “Mqengqeleki ongcwele, okanye mbaxi,” okanye into ethile.

UMariya wayazi WayeluSana lukabani. Waqhubeka nje, nje ngohlobo olunye.

204 Kodwa, owu, abafanelanga baqaphela xana, uSimon, ehleli ngasemva egumbini, wayethenjisiwe? Wajikela, eprofeta. Wathi, “INkosi ibonakele kum.” Kwaye yathi, “Andisayi kubona kufa...” Kwaye wayengamashumi asibhozo athile ngoku. “Andizukubona kufa phambi kokuba ndibone usindiso Lwakhe.”

205 “Owu, Simon, umdala, nyana. Eyakho—eyakho... Umfo omdala ufumene ngahlobo intloko yakhe, niyazi, ukancinci... Myenkeni nje. Akayongozi. Akayi kuvisa mntu buhlungu.”

206 Kodwa uSimon wayeneLizwi leNkosi, wathi, “Ndibone uMoya kaThixo usehlela phezu kwam. Ndema ndajonga kuYe. Wandixelela, ‘Simon, ube ulilungisa lendoda. Kwaye akusayi. . . ndizakwenza ubungqina phandle phaya.’” Uh-huh. Yilonto yonke.

“Uzakuyenzela ntoni Wena lanto, Nkosi?”

“Yingxaki yaM leyo.”

207 Uluvo lwam, lokuba Yena ngokuqinisekileyo angagalela ilahle kubo, ngalaMhla. “Beninengqina. Kutheni ningaphulaphulanga kulo?”

208 Nantsiya endala imfama uHana, ihleli etempileni, ithandaza. INkosi yatyhila kuye, “USimon uchanile.” Amen. Wayengenakho ukubona ukukhanya kwemini kubumnyama, kodwa wayenokubona kude kunabantu abaninzi namhlanje abanamehlo alungileyo. Wabona, eMoyeni, uMesiya ozayo wayesondele, uMoya unyakama entliziyweni yakhe.

209 Yabona iBandlana elincinci elaliphaya? UZakariya, Elizabeth, Mariya, Yohane, Hana, noSimon; isithandathu kwizigidi. Njengakwimhla kaNowa. Isithandathu sabo. UThixo waqubisana naye ngamnye wabo. Babekulungelelwano bonke. Bahlangana bonke. Amen.

210 Apha, omdala uSimon. Naku kusiza uSana oluncinci lungena. Akazange weva nanto malunga nalo. Nalu Usana. Waze ngoko uSimon wahlala egumbini lakhe, kwaye uMoya weza kuye, wathi, “Sukuma, Simon.”

211 Nanku esimka, ehamba, engazi apho aya khona. Njengo Abraham, wayekhangela into ethile. Wayengayazi ukuba yayiphi, kodwa waqhubeka ehamba. Emva kwethuba, wema. Kwaye uMoya oyiNgcwele makube wathi kuye, “Nankuya Yena.”

212 Wafika ngaphaya, kwiingalo zikaMariya, wathabathela uSana ezingalweni zakhe. Wakhangela phezulu wathi “Nkosi, mndulule umkhonzi Wakho ngoku kobu bomi enoxolo. Amehlo am ajonge kusindiso Lwakho.” Into awathi wonke ubani wahlekisa ngayo, oko abafazi ababecwezela kuko, uSimon wathi, “Lusindiso Lwakho, Nkosi.”

213 Kwaye malunga nela xesha, naku kusiza umfazi oyimfama, ephinyela indlela yakhe ukujikela, egxadazela phakathi kwesihlele. Waze wenyuka waya kuYe, kwaye naye waprofeta, kuba wayekhangela Yena. Waxelela uMariya, “Ikrele liyakuhlaba intliziyo yakho, kodwa Liyakutyhila iingcinga zeentliziyo ezininzi.” Yabona? Yayiyintoni?

214 Ngoku, ndiyaqikelela, abanye babo abafazi bathi, “Ngoku niyabona okuya! Niyabona hlobo luni lodidi? Nantso ke. Yabona? Yilonto. Yabona apho ikhoyo? Ela xhego, lichachambile entlokweni yalo. Naliya limile phaya, limi phambi

kwelahenyukazi lentombi, lizama ukutsho into enjeya. Nantso ke. LaMntwana ungumgqakhwe. Khangela kulowa mdala uHana, ehleli ezantsi apha, ezilambisela ukufa, kwaye eqhubeka ngolwahlobo. Akasokuze abe nolonwabo njengoko sinalo. Kodwa, nantso ke, yabona. Angaba ngowazo zonke iimanyano esinazo esizweni apha. Uphuma kusapho oluhlana olulungileyo, yabona, kwaye angabangowaphaya. Kodwa nankuya. Yabona indlela ela gquba elihlangana ngayo?" Owu, ewe. Amen.

²¹⁵ Into ekwanye namhlanje. "Ukuhlala kwezasemaZulwini iindawo kuKristu uYesu, ukuphakanyiselwa phezulu nguMoya oyiNgcwele." Ngokuqinisekileyo. Ewe, mhlekazi.

²¹⁶ Owu, ingaba sinentwanana nje engaphezulwana yexesha? Kufuneka nditsho into ethile. [Ibandla lithi, "Ewe."—Mhl.]

²¹⁷ Ndinesinye isimilo apha, endijonge kuso, ngela xesha xana iLizwi lenziwa labonakala, amadoda azizazi.

²¹⁸ Ndingwela bendinexesha, Fred, ukuba wena ufunde okuya. Unako epokothweni yakho? [UMzalwana uFred Sothmann uthi, "Ewe."—Mhl.] Ndiyaqikelela abaninzi benu bayibonile kulindexesha.

²¹⁹ Into awathi uMoya oyiNgcwele wayithetha ukwehlela apha emlanjeni, amashumi amathathu anesithathu eminyaka eyagqithayo, basuka nje bayomba. UDisemba we-9, ukuyibonakalisa, okwala nzululwazi ngeenkwenkwezi, indlela la—Jupiter kunye nazo iinkwenkwezi, kwintlanganisela yazo'!

²²⁰ Banendala yenzululwazi ngeenkwenkwezi ikhal-... ukuphawulwa kwayo, bayombile. Eliya leliya xesha ngqo lentlanganisela yezayo, kwintlanganisela yezi nkwenkwezi, yaza yagaleleka kanye ezantsi ngaseBabhlioni, aze amadoda azizazi ayihlisa eza nayo. Khumbulani? Zanqumla indlela yazo ejikeleza ilanga, ukujiwulela ezantsi, izigidi zemimnyaka yokukhanya ukwahlukahlukana kwakhona. Kwaye loomadoda azizazi angamaYuda ayephezulu eBhabhlioni, babona la ntlanganisela isiya kulantlanganisela, eza nkwenkwezi. Ezintathu zazo zangena, ngokuhlangeneyo, zaza zenza eliya linye ikhwezi lokusa. Kwaye bakwazi okuya ngeLizwi likaThixo, ukuba eliya yayilixesha, xana eza nkwenkwezi zihlangana, ukuba uMesiya kwakufanele abe semhlabeni.

²²¹ Eso sisizathu baqalisayo, "Uphina na Yena, uKumkani ozelweyo wama Yuda? Uphina Yena? Ndaweni ithile! Kuba, xana ezo nkwenkwezi zangenayo, de imizimba yazo yasezulwini yaba kulomzimba mkhulu mnye wasezulwini apha, xana zona zontathu zahlangana, uMesiya uyakubasemhlabeni ngela xesha." Kwaye xana zaya kwindlela yazo yokujikeleza ilanga, wona lomadoda ayazi ukuba uMesiya wayesemhlabeni.

²²² Babezincutshe kwicandelo labo. Babengamadoda abalulekileyo. Babezincutshe kwicandelo labo lenzululwazi yezenkolo. Babekhangele icala layo leyezenkolo. Kwaye

bazibona ezo nkwenkwezi zisiya ngaphaya, uJupiter noSargas, zaze zaya kumgca wazo—wazo. Zaze zathi, “Siyayazi ukuba uMesiya usendaweni ithile. Ke, kufanele Abe seYerusalem, ngokuba leyo yindawo eyintloko yenkolo yehlabathi, yenkolo kaMesiya. Leyo ngundlunkulu wabo. Leyo ngundlunkulu wobuhlelo. Kulapho iqela elikhulu lobucawa lihleliyo.”

223 Baze bakhwela ezinkameleni bemka, iminyaka emibini, ukwehla ukunqumla uMlambo iTigris, nemigxobhozo namahlathi, betyhutyha, besiya esixekweni, iintliziyo zizele luvuyo.

224 Babesazi xana eza nkwenkwezi zazindanda phaya. Kwaye oku, nkqu neenzululwazi ngenkwenkwezi zathi, namhlanje, “Ukuba zona ngenene, zona inkwenkwezi, ziza kula ndawo kwakhona, iyakwenza inkwenkwezi enye, ukusuka apho babeme khona, bejongile.” Kodwa kwakufuneka babe beme kula ndawo, ukuze bayibone. Amen. Amen.

225 Kuxhomekeke apho umi khona. Kuxhomekeke koko ujonge kuko. Uh-huh. Ehe.

226 Ke bayibona, baza bayilandela, kwaye babesemgceci ngqo. Akukhathaliseki baya phi, yayisemgceci ngqo kunye nabo. Yabakhokela. Yabona?

227 Leyo yindlela ekufanele ufumane zonke iZibhalo zisemgceci, yonke into, ngoko hlala kula mgca kunye neZibhalo. Leyo kuphela kwendlela. Iyakukhokelela ngqo kuYe. Ngokuqinisekileyo iyakuyenza.

228 Ngoku qwalasela. Naba besiza, bememeza, “Uphi naYena, uKumkani ozelweyo wamaYuda?” Ukungena eYerusalem, iNkwenkwezi yabakhokelela kanye phaya, kanye nkqo kundlunkulu wobuhlelo. Kodwa xana bathi gu bucala ngenxa yayo, iNkwenkwezi yabashiya. Bangena esixekweni, bahla-benyuka ngestrato. Bacinga isixeko siyakuzala luvuyo lukaThixo. Ukuhla-benyuka ngestrato, ngovuyo, bemka, bekhwaza, “Uphi na Lowo uzelweyo uKumkani wamaYuda? Sibone iNkwenkwezi Yakhe xana besiseMpuma, kwaye sizile ukuzakuMnqula.”

229 Khumbulani, iNkwenkwezi, baya ngasentshona. BabeseMpuma. “Ukukhokelelwa ngasentshona, besaqhubeka. Sikhokelele e...” Yabona? Babeqinisekile...Babe... Kuhle, IBhahlilani ne Indiya ilele eMpuma yePalestina, hlobo lomzantsimpuma. Kwaye babesiya ngasentshona. “Bakhokelelwa ngasentshona,” niyayazi ingoma, “besaqhubekela. Sikhokelele kokwakuKhanya kugqibeleleyo.” Yabona?Wona, amadoda azingqondi, ayesiza entshona. Eshiya iMpuma, esiya entshona, aze abona laNkwenkwezi. Ngoku, ukuba ayeseNtshona, ejonge ngasemva, akazange aYibone. Yabona?

230 Wona, xana afika phaya, Yawakhokelela ngqo phaya, emva koko Yabashiya. Baze bacinga, “Nantsi apha. Inkwenkwezi

ibashiyile, ke nantsi.” Basesixekweni. Ke, “Owu, bethu,” bathi, “wonke umntu uyacula nje kwaye uyavuya. Uzuko lukaThixo lukhanyise yonke into. Ke, naku silapha. Siyayazi ukuba eyethu—siyayazi ukuba impumelelo yethu, njengoko sibukele lantlanganisela, akukho namnye, akukho ngcali, inokuza phezulu phaya ize itsale ezonkwenkwezi zihlangane. Kwaye siyayazi, xana eziya—xana ezankwenkwezi zeza kulamzimba wezulu, elo lixesha uMesiya asemhlabeni. UMesiya usemhlabeni.”

²³¹ Kwaye yonke iminyaka emininzi elikhulu, zigqitha intlanganisela yazo kwakhona, uyabona, kwaye emva koko kukho isipho esiza emhlabeni. Qaphela.

²³² “UMesiya usemhlabeni, xana eliya—xana eliya qela leenkwenkwezi zahlangana.” Kwaye ayazi Wayephaya, ke aya kundlunkulu wenkolo, aze aqalisa ukuhamba, esithi, ukunyuka nokuhla isitrato bemka, ezi nkamela, “Uphi na Yena? Uphi na Yena? Uphina na Yena uzelweyo uKumkani wamaYuda? Sibone iNkwenkwezi Yakhe eMpuma. Ulapho ndaweni ithile. Uphi na Yena? Uphina Yena? Uphina Yena?” Huh! Olunjani ungcikivo!

²³³ Baya kumbingeleli omkhulu. Wathi, wayenokuthi, “Yintoni ingxaki nani bafo? Kutheni, nina gquba lababaxi!” Yabona? Olunjani ungcikivo, phezu kwempumelelo yabo yobunzululwazi! Ngamandla kaThixo, bayibona iNkwenkwezi Yakhe. Kwaye babengamadoda azizazi, ehlananiphile. Babekwicandelo leenkolo yobunzululwazi. Kwaye ayazi, xana ezo nkwenkwezi zafika phaya, uMesiya wayesendaweni ithile. Kwaye apha, indawo eyayifanele iyayazi, yayingazi kwanto malunga naYo.

²³⁴ Ndiyakucinga, abantwana bemi esitratweni, bathi, “Ha! Jongani kokuya. Ha! Eliya ligquba lababaxi. Phulaphulani kubo, besithi, ‘Uphi na Yena, ozelweyo uKumkani wamaYuda?’ Abayazi ukuba uHerode ngukumkani ezantsi apha. Abamazi uBhishopu *Sbani*.” Owu, bethu!

²³⁵ “Uphi na Yena ozelweyo uKumkani wamaYuda? Sibone iNkwenkwezi Yakhe eMpuma.”

²³⁶ Bathi, “Yizani apha, nonke nina madoda azizazi apha, khona apha.” Uh-huh. “Yizani apha. Ingaba nina nonke nibona Nkwenkwezi ithile naphina?”

“Owu, andizange ndabona nayiphi into efana noKuya.”

²³⁷ “Nonke nina zinzululwazi ngeenkwenkwezi yizani apha. Ingaba nina nonke nikhe nabona Nkwenkwezi ithile naphina?”

“Hayi. Hayi.”

“Nikhe nabona nantoni efana naluphi uhlobo lomqondiso ongumnqa?”

“Hayi. Asiboni nanye into efana naleya. Hayi.”

238 Abayiboni unangoku, nanjalo. Into ekwanye. Ababoni kwanto. Abanakho ukuYibona.

“Uh, masibize a—abalungiseleli. Malunga naphi nani nonke?”

“Hayi. Asikhange sibone Nkwenkwezi.”

239 “Kuhle, malunga naphi nani bafo abagcine ixesha, phandle apha eludongeni? Niqaphele iinkwenkwezi. Nikhe nazi... Niyazi apho yonke intlanganisela ekhoyo emazulwini. Niyazi yonke inkwenkwezi. Ingaba nibone kwa nto?”

“Haybo. Asiboni kwa nto.” Kodwa Yayiphaya.

240 Uzuko kuThixo! Owu, bethu! Aniyiboni Yona? Iphaya ngoku, kwaye abayiboni Yona. Iyaqhubeka, kanye ukubajikeleza, kwaye abayiboni Yona.

241 “Hayi. Asibonanga nto. Owu, ndiye ngaphaya. Andibonanga nto.” Ngokuqinisekileyo, akukwazi. Ukumfameka nje kakhulu. Asikokwakho ukuba uYibone. Yabona? Ukuba ubobuya ubumfama, kutheni, ngokuqinisekileyo, akusayi kuYibona.

242 Ikwabo ayakuYityhila nje kubo uThixo. Abo ngabo abaYibonayo. Kwasoloko kuyilandlela. Ngokuqinisekileyo.

243 YayinguNowa owayenakho ukubona imvula phezulu ezibhakabhakeni, niyazi, kodwa inxalenye yabo babengenakho ukuyenza. Yabona? Abayibonanga imvula phezulu phaya, kodwa uNowa wayibona.

244 Yayingu Abraham owabona uSarah ephethe usana. Injalo lonto. Hayi abagculeli abathi, “Yise wezizwe, bangaphi abantwana onabo ngoku?”

245 Indlela esinokwehlela ngayo ngeBhayibhile, izilumko nabaprofeti, yonke ukuhamba ngendlela! “Ukholo bubungqina bezinto ezingabonwayo.” Balazi iLizwi layithetha, kwaye nantso iyiyo. *Nabu* ubungqina bayo. Bayabubona. Qaphela ngoku. Owu, bethu!

“Amadoda ethu azizazi awayiboni la Nkwenkwezi. Akukho nto kuYo.”

246 Kutheni? Eneneni, xana babejongile, kwaye baya nelingako iqela, iNkwenkwezi yanyamalala.

247 Into ekwanye namhlanje. Oko koko kucima ukuKhanya okuninzi, injalo lonto, iqhagamshelana nelinjalo iqela ukuba njeya, elingaYikholelwayo nokukholelwa, indawo yokuqala. Kwaye sizakubanayo kanjani i—imanyano yamabandla? “Sizakuhamba kanjani kunye ngaphandle kokuvumelana?” Buzakubanjani ubudlelwana be...bezi apha, uzwe-banzi, onke a—amabandla, amabandla ahlangeneyo ehlabathi? Sizakumanyana njani kunye, xana sizizigidi zeemayile ukwahlukana? Yabona? Sizakuyenza njani? Abavangelayo kunye

nathi, *noku*, *nokuya*, *nokuya*, kunye nako konke, kwaye noko ukuhlangana kunye nelinjalo igquba lokonakala.

248 UThixo ufumana uMfazi onyulu, ongewele, ongakrexezwanga, ohlala neLizwi Lakhe. Konke kulungile.

249 Ungcikivo lukaYesu ngenxa yeLizwi. (Kwaye emva koko siyakuma, kwimizuzu nje.) UYesu wangcikivwa ngenxa yeLizwi. Khangela apha. Wayenokumelana njani nongcikivo, xana WayengoNgewele, ongenwe nguThixo? WayenguThixo, Buqu, enziwe inyama.

250 Ngoku, uyayazi iBhayibhile itsho njalo. “Simpfathile Yena. IiNgelosi ziMbonile.” Cinga nje ngoko. Ndiyakholwa uTimoti uyibeka into ethile ngokufana nokuya. Yabona? Oko, “Ngaphandle kwempikiswano inkulu imfihlelo yobuthixo; kuba uThixo wabonakaliswa enyameni, wabonwa ziiNgelosi.”

251 IiNgelosi zazisekuzalweni Kwakhe. Indlela emakube zajonga ezantsi ngayo iiNgelosi kwaye zivuya, xana zajonga ezantsi esitalini zabona uThixo enxibe inyama. Amen. Akumangalisi zaqalisa ukudanduluka, “Namhlanje, emzini kaDavide, kuzelwe uKristu uMsindisi.” IiNgelosi zavuya, kwaye zajiwuzisa amaphiko azo amakhulu kunye, naphezu kwenduli zakwaYuda, zacula, “Uzuko kuThixo enyangweni, uxolo emhlabeni, inkolelo ebantwini.” Zabona iLizwi likaThixo, ezaziligadile Lona, ukulibona Libonakaliswa. Kwaye naliya Lona liphaya.

252 Ngoku, uSathana wayengakukholwa oko, niyazi. Wathi, “Ukuba Wena u . . .”

IiNgelosi yathi, “Nguye.” Lowo ngumahluko.

“Ukuba Wena u, yenza *nje-na-nje*. Masikubona Wena uyenza.”

Kodwa iNgelosi yathi, “Uphaya.”

253 Amadoda azizilumko kunye nenkolo yenzululwazi yawo, athi, “Uphaya.” Amen.

254 Eso sisizathu inzululwazi ngezakudala kunye nento yonke namhlanje zizombayo ezi zinto, zibe ziprofitiwe kwiminyaka embalwa eyagqithayo, ukuba ziyakwenzeka. Kwaye apha nazi, zisombiwa. Abazange kwa . . .

255 Akukho mbali eyakhe yatsho ukuba uPontiyo Pilato wakhe wasemhlabeni. Ingaba beniyazi lonto? Abanye benu bantwana besikolo ndixeleleni indawo embalini eyathi kukho uPontiyo Pilato. Kwaye abangakholwayo bayayigculela baze benze intlekisa ngayo, bathi, “Akuzange kubekho—ikumkani yaseRoma ebizwa, i—irhuluneli ebizwa, Pontiyo Pilato.” Kodwa malunga neeviki ezintandathu ezigqitileyo, bomba ilitye lembombo: UPontiyo Pilato, iruluneli. Owu, bethu! Obunjalo ubuvuvu!

256 Bathi, “Akuzange kubekho Ramases kwimbali, Ramases phezu kweYiphutha.” Kodwa bomba ilitye, inzululwazi ngezakudala : URamases, wesibini. Qaphela.

257 Kwaye batsho ukuthi zona iindonga azizange zawa. Inzululwazi ngezakudala zazisomba, kwaye, into yokuqala eniyaziyo, bomba, ukwehla kakhulu apho iindonga zawayo eYeriko, niyazi, xana ixilongo lahlokomayo. Bathi, “Okokwe kwakuyintsomi, ingoma awayitshoyo umntu, eyaculwa phaya.” Ehe. Abagculeli batsho oko. “Leyo yayiyintsomi nje. Akuzange kubekho into enjalo njengeendonga zisiwa, kwaye uYoshuwa ehlokomisa ixilongo, enyuka ebalekela ezindongeni zaza zawa. Akuzange kubekho nto enjalo.” Kwaye enye ebalulekileyo inzululwazi ngezakudala engumKristu yaqhubeka nje isomba, kuba yayisazi ifanele ibe njalo. Yomba amashumi amathathu anento eenyawo, ngaphantsi apho ixenye yawo yayikhona. Kwakukho iindonga, zicukene kanye enye phezu kwenye, nje njengokuba iLizwi latshoyo.

258 Bathi, “Akuzange kubekho into enjalo njengeDavide owakhe wadlala isixhobo, ugwali lweengcingo, kuba umculo weengcingo wawungaziwa de yaba yinkulungwana yeshumi elinesihlanu.” Bathi, “Akuzange kubekho into enjalo.” Inzululwazi ngezakudala zobuKristu zomba, ezantsi eYiphutha. Amawaka amane eminyaka eyagqithayo, babenezixhobo zeengcingo. Amen. Owu, bethu!

259 Bathi, malunga nabantwana bamaHebhere besenza amatye nezinto njengeziya, ngendiza, “Kwakungekho into enjalo.” Inzululwazi ngezakudala zayakomba phaya. Zafumana ntoni? Leyo yinzululwazi. Bafumana ntoni? Iindonga zesixeko awathi amaHebhere azakha, umaleko wokuqala wamatye wawuziindiza ezinde; owesibini wawungamasuntswana anqunqiweyo ezikhondo; ize owesithathu ungabi nandiza kuwo, konke konke. Owu, bethu!

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso eyachazwa kwangaphambili
ngabaprofeti.

260 Ewe, mhlekazi. Yonke inyukele phezulu kuthi, mzalwana, dade. Kutheni injalo? Kwiminyaka embalwa yokugqibela, alizange ihlabathi lomboniso-bhanyabhanya lakhe lenza elikwenzileyo. Kwisakhelo seglasi kuvela ibali le*Mithetho Elishumi* ngokukaCecil DeMille’s. Kwisakhelo seglasi kuvela ubomi bukaYesu Kristu ngo*Ben Hur*. Kwisakhelo seglasi kuvela *Umlobi Omkhulu*, ukuguquka kuPetros. Kwaye yonke lemidlalo yezenkolo, ethe imidlalo-bhanyabhanya yayala, kwaye yayingcolisa, yayilahla kude. Kodwa, uThixo, kumandla Akhe anamandla, wayiqhushumbisa, nje ngohlobo olunye.

261 Kanye ngoku, ezo zinto ebezithethiwe kwiminyaka embalwa egqithileyo, esilhlwempu, esincinci esithobekileyo isicaka,

mna, sikaThixo. Ndathi, “Kukho ukuKhanya okwamayo kwaze kwathetha nam, kwandixelela izinto emandizenze.” Abantu bahleka baze bathi, “Uphumile kancinane entloko.” Kukho umfanekiso waYo. Inzululwazi yaYithabatha. Iphaya. YiNyaniso.

Ndathi, “Umfazi usityekelwe kukufa.”

²⁶² Bathi, “Njengesithunzi, ngoku, oko bubuvuvu. Uyayiqweba nje lonto engqondweni yakhe.”

²⁶³ Nankuya umfanekiso wayo. UThixo uyakwenza amatye ankqangaze. Unakho ukwenza oko Afuna ukukwenza.

²⁶⁴ UYesu, ingcikivo ngenxa yeLizwi. UNyana oNgcwele kaThixo emi phaya, u-Imanuweli, olunjani ungcikivo! Evumela ongakholwayo umoni aMbophelele, amtsicele ebusweni Bakhe, aze axhuzule isihlwathi senduvu, aze afune ukuba Yena enze into malunga nayo. Ungcikivo ngenxa yeLizwi! Uhuh. Intoni? Ukuzalisekisa iLizwi likaBawo. Owu! Kodwa, khumbulani, kufanele Yena amelane nongcikivo lokufa. UThixo, Ongenakufa, kwaye nokuphela Kwakhe ongafa ukusindisa umoni. Akukho wumbi, akukho mntu wesibini okanye mntu wesithathu, onokuyenza. UThixo Ngokwakhe ngokuphela Kwakhe onokuyenza. Kwaye nanku Yena ekho.

²⁶⁵ Wathi, “Akukho ndoda enyukele ngasentla kuphela nguLowo owehlela ngasezantsi, nkqu noNyana womntu oseZulwini ngoku.” Amen.

²⁶⁶ Bathi, “Oobawo badla imana entlango.”

“Kwaye bafile,” Watsho.

“Kwaye Uyatsho ukuthi UsiSonka soBomi?”

²⁶⁷ Wathi, “Phambi kokuba u-Abraham abekho, NDINGUYE. NdisiSonka soBomi. Ndingu NDINGUYE.”

²⁶⁸ Bathi, “Akunamashumi amahlanu eminyaka ubudala, kwaye uthi Wena ‘wabona u-Abraham?’”

²⁶⁹ Wathi, “Phambi kokuba Abraham abekho, NDINGUYE.” Kwaye emva ngoko avumele aboni bambophe Yena, ibandla lobuhlelo, liMbophe.

²⁷⁰ Niyakhumbula, kumhla wokugqibela, elibandla lityebileyo laseLawodike, baMkhuphela ngaphandle, kwa, kwibandla. Niyabona apho ikhona ngoku? Ningabona kutheni ndibhomboloza ngokuchasene nala nkqubo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

²⁷¹ Kutheni uYesu wavumela aboni baMbophe? Yayikukuzalisekisa iLizwi, ukuzisa ungcikivo kuThixo, ukufa. UThixo kwafuneka afe. Kwafuneka abe yinyama, ukuze afe. Kwaye uYesu wakwazi oko. Wabaxelela malunga nako. Wathi, “Yichitheni letempile, kwaye ndiyakuyivusa kwakhona.” Hayi omnye umntu ongomnye ayivuse. “Ndiyakuyivusa.

Ngeentsuku ezintathu, Ndiyakuyibuyisa kwakhona. Yichitheni; Ndiyakuyivusa. Njengoko uYona wayesembilini wommenga, iimini nobusuku obuthathu, umele uNyana womntu ukuba sentliziweni yomhlaba.” Kwaye abazange bayiqonde nokuyiqonda yona. Yabona? Ungcikivo ngenxa yeLizwi, Waye—Waye ekho.

²⁷² Ngoku, ugculelo kude kuye ekufeni, ukuvuka kwakhona ukuya kuBomi obunguNaphakade. Kuqala kwafuneka Yena abulawe, ukuze Avukele kuBomi obunguNaphakade, aze azise wonke umntu ongomnye (owayekwisimo Sakhe) eBomini obunguNaphakade, abanokuBamkela. Yabona? Waba ngumntu, waba nguMhlanguli osisizalwana esisondeleyo, kwaye kwafuneka amelane nongcikivo lwako konke ukugculelwa, kwaye konke ukwenziwa intlekisa, nje ngokufana nabakhonzi Bakhe abenzayo phambi Kwakhe. Ngokufana noMoses, ngokufana noNowa, ngokufana nexenye yonke yabo eyamelana nolwagculelo, kwafanela Amelane nogculelo. Kutheni? WayeneLizwi, kwaye waye Yena eliLizwi. Eso sisizathu bamgculela Yena ngakumbi kunakuqala. WayeNgcwele kwaye iLizwi Ngokwalo. Haleluya! Oko koko okwamenzayo Yena.

²⁷³ UYesu wathi, “Nina bahanahanisi.” Wathi, “Nakha amangcwaba abaprofeti, kwaye inini ababafaka phaya. Beza neLizwi likaThixo, kwaye zange nibakholelwe. Ninetyala ngenxa yabo bonke.”

²⁷⁴ EPhoenix, uThixo ethandile, ndibethe ilizwi ngenye imini. Ndizakusibeka ityala esi sizukulwana ngokubulala uYesu Kristu, ukumbethelela Yena ngokutsha. Ndizakuzisa ukubeka ityala phambi kwala manyano yabalungiseleli, uThixo ethandile. Banetyala leGazi likaYesu Kristu, ngokumbethelela Yena ngokutsha. Ewe, mhlekazi. Ukubeka ityala yonke!

²⁷⁵ UPetros wababeka ityala, ngoSuku lwePentekoste. Wathi, “Nina ngezandla zenu ezikhohlakeleyo nayibethelela iNkosana yoBomi, Leyo uThixo wayivusayo. Singamangqina.” Wazisa isimangalo.

²⁷⁶ Ndizakuthabatha iLizwi likaThixo, ndibeke ityala lonke ihlelo elikhoyo, naye wonke umntu ebusweni bomhlaba, onetyala leGazi likaYesu Kristu. UThixo makandincele ndibengummeli Wakhe ngala mini. Amen. Ewe.

²⁷⁷ Owu, abagculeli benza intlekisa ngaYe. BaMgcikiva. Wahhlala kanye naLo. Amen. Owu! Qaphela Awakwenzayo. WayenguNyana kaThixo, weva ubunzima ngokufa ukuze abulale isono. Kwafuneka akwenze oko. I...Leyo kuphela kwendlela esasinokubulawa ngaso. Kwaye Wakwenza oku, wakumela, kuba bonke babo basenza.

²⁷⁸ Ngokuba, bonke emva phaya babenentwanana yeLizwi likaThixo. Kuba, uYesu watsho njalo. “I—iLizwi leNkosi leza kubaprofeti. Kwaye ngubani kubo,” Wathi, “abathe ooyihlo,

inkolo yenu eyenziwe umbutho, abangabaxulubanga ngamatye na bababulala? Ngubani kubo owabamkelayo abaprofeti? Emva koko nakhe amangcwaba abo emveni kokuba bemkile.” Wathi, “Ninetyala lokubabeka phaya.”

279 Emva koko Wabanika umzekelo malunga nesidiliya esagciniswayo, zaza zeza izicaka. Baziphatha kakubi, kwaze ekugqibeleni bathi, “Ngoku siyakubulala unyana, ngokuba yindlalifa.” Yabona? Owu, bacaphuka xana bakubonayo okuya. Yabona?

280 Kodwa kwafuneka Amelane nongcikivo. Kwaye apha Wazenza Yena wabotshelelwa, wakhokelelwa phezulu ekufeni, ukuze abulawe, ukubuyisela uBomi obunguNaphakade. Uzuko kuThixo! Owu, indlela endimthanda ngayo Yena! Ukubuyisela uBomi obunguNaphakade kwaye avuse wonke unyana kaThixo, ukuhla ngazo izigaba, abama nela Lizwi baze bathabatha ingcikivo. Injalo lonto.

281 Ukuba Ebengezanga, uNowa ebenganakuvuka. Ukuba Ebengezanga, u-Eliya ebengenakubuya. Ukuba Ebengezanga, uNowa ngewayengezanga wavuka, ukuba Ebengaku... ukuba Ebengezanga. Kuba, WayeyilaMvana emiselwe ngexa elingaphambili, ezele ukuzakuthabathela ingcikivo kuYo, ize ife ukufa ukwenzela lonke iLizwi likaThixo elathethwayo, nalamadoda angamalungisa akumelayo. Kwafuneka abenjalo. Akukho wumbi owayenokuyenza. UThixo ngoKwakhe, kwaye Weza wayithabatha indawo, ukuze Abenokuhlangula aze anikeze ngoBomi obunguNaphakade kuye wonke unyana kaThixo othe wamela elaLizwi elikwalinye kwaye ave ungcikivo. Wonke unyana kaThixo, ukuhla ngezigaba, onokumela ingcikivo, kwakungekho namnye onokumhlangula, kodwa ngokholo wabona laMhlanguli esiza.

282 UYobhi waMbona. UYobhi wema emva phaya, kwaye bathi, “Owu, ungumoni wasemfihlekweni. UThixo ulilungisa ukuphatha kakubi, kuba ungumoni wasemfihlekweni.”

283 Wathi, “Ndiyazi uMhlawuleli wam uhleli. Kwaye kwimihla yokugqibela Uyakusuka eme emhlabeni. Nokuba iimpethu ziyawutshabalalisa lomzimba, noko, enyameni yam ndiyakumbona uThixo.”

284 Umfazi wakhe wathi, “Kutheni ungaqalekisi Yena ufe?” Wathi, “Ukhangeleka njengodwayinge.”

285 Wathi, “Uthetha njengesiyatha somfazi.” Amen. Nankuya Yena phaya. “Ndiyazi Uyaphila, kwaye Uyakuma kuMhla wokugqibela.”

286 Ukuba uYesu ebengezanga, uYobhi ngeba wayengenakuhlangulwa, kuba Yena wayeyiMvana exhelwe kususela ekusekweni kwehlabathi. Wayeyazi indawo Yakhe. Wayesazi isikhundla Sakhe.

287 Eso sisizathu, uMariya wasiqondayo esa sikhundla, ngala mini xana waphumayo phaya. Wathi...“Ukuba ndi... Ubulapha, umntakwethu ngebe akafaga.”

Wathi, “Umntakwenu uyakuvuka.”

Wathi, “Ewe, Nkosi, eluvukweni. Ebeyinkwenkwe elungileyo.”

Wathi uYesu, “Kodwa NDILULO olwa vuko. Uyakholwa koku?”

288 Wathi, “Ehe, Nkosi, ndiyakholwa ukuba Wena unguNyana kaThixo omele kukuza ehlabathini.”

Wathi, “Nimngcwabele phi?” Owu! Nantso ke. Um-hum.

289 Wayiqonda. lamfazi mncinci wayengakutsho okuya. Wayeneedomoni ezisixhenxe ezakhutshwa kuye. Wawazi amandla kaThixo, anokususa ela kratshi nonxinzelelo nayo yonke into, isuke kuye, oko kunokuthabatha leya incinci, impakamo yomoya wesikolo samabanga aphakamileyo iphume kuye, kuze kumenze isidalwa esitsha. Wakhupha iidemoni ezisixhenxe. Bona abafazi bayazi ukuba waye eyintoni Yena, owamamkelayo Yena.

290 Babeyazi Awayenokubenzela kona. Ke banjalo namhlanje, nabo. Yamkele nje. Leyo yinto elandelayo.

291 Nankuya Yena. Watsho oko. Kwaye Yena...Niyazi okwenzekayo. Owu!

292 Bonke abaya kuva ubunzima ngexa yeLizwi elikwalinye, Wafela esa sizathu. Waye ekukuphela Kwakhe onokufa, ukuyenza, kuba Yena waye eliLizwi. Waye eliLizwi, iLizwi lenziwe inyama. Bonke abanye babenokuthiwe nxu kancinci, kodwa apha yayikukugcwala kukaThixo, kuYe. Omye Anguye namhlanje. AmaHebhere 13:8, “UYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade.” Phulaphulani.

293 Ndiyavala, ngenene. Ndizakuyenza, kufanele ndiyenze. Ndigqithe kakhulu exesheni.

294 Akazange abhale nalinye igama. Wakhe Wayenza? [IBandla lithi, “Hayi.”—Mhl.] Zange Wabhala gama. Kutheni? Waye eliLizwi. Wayeyintoni? ILizwi ebelibhaliwe, Wayekukubonakaliswa kwela Lizwi. Uzuko! Whew! Ngoku ndiziva kamnandi. Waye eliLizwi. Kwakungafuneki abhale kwanto. Waye eliLizwi, eli libhaliweyo iLizwi lenziwe labonakala. Uzuko kuThixo! Unguye izolo, namhlanje, naphakade. UliLizwi, iLizwi libonakalisiwe.

Uthi, “Ingaba injalo, Mzalwana uBranham?”

295 Bukela uYehova emile emva phaya aze avuthele umbane ekunqumlezeni amaza njengangaphaya, aze enzele uSirayeli indlela yokuhamba.

²⁹⁶ Bukela uYehova enyameni, esithi, “Thula, uthi tu.” Xa amaza ayebetha unxweme, kwisqaqhwithi, kwaye umtyholi elenya yonke into, ngolwahlobo, Wathi, “Thula, uthi tu.” Kwaye wamthobela Yena; imimoya nako konke. WayenguYehova. Amen.

²⁹⁷ LaYehova onakho ukuma ngaphaya atshize amaqabaza ambalwa ombethe, mayiwe emhlabeni yenze isonka, yenzela ukondla abantu.

²⁹⁸ Wema wathabatha iintlanzi ezintlanu, okanye, amaqebengwana amahlanu kunye neentlanzi ezimbini, waza wondla amawaka amahlanu.

²⁹⁹ Waye eliLizwi. Amen. Amen. UliLizwi, kwaye Uyakusoloko eliLizwi. Kwaye mna nendlu yam, siyakukhonza iLizwi.

Owu, ndifuna ukubona Yena, funa ukujonga
ebusweni Bakhe,
Phaya ndicula ngonaphakade ngobabalo
Lwakhe olusindisayo;
Kwizitrato zoZuko, mandiphakamise izwi lam;
Apho zonke iingxaki zigqithile, ekhaya
ekugqibeleni, uvuyo okoko.

³⁰⁰ Owu, bethu! Ewe. Thwala ingcikivo yeLizwi. Kukho ingcikivo ehamba neLizwi. Hlala kanye neLizwi, uze uthwale ingcikivo.

Masithandaze.

³⁰¹ Yesu, njengobunye ubusuku, Nkosi, ndalila, “Owu Yesu, yintoni Wena oyakufuna ndiyenze? Ndingenza ntoni, Nkosi? Ukubona ezi zinto, nokwazi iyure esiphila kuyo, ndingenza ntoni, Nkosi? Ndingenza ntoni?”

³⁰² Ndithandazela ibandla lam elincinci apha, Nkosi. Ndingenza ngeentaka ezincinci embonweni, izinto ebezizizo; kunye nezinye iintaka, zona ebezizinto ezinkulu. Kodwa kwakukho ezintathu zihleli emigangathweni, Nkosi. Kodwa xana eza Ngelosi zangenayo, kwakungekho ziintaka ziseleyo. Abathunywa abancinci babemangalisa, Nkosi, kodwa ndiyakholwa ukuba kukho into ethile elungiselela nje ukwenzeka. Mayenzeke, Nkosi. Sibumbe uze usenze ngokwendlela Yakho. Si—siludongwe. Wena Ungumbumbi.

³⁰³ Kolorhatya lwandulela iKrismesi, Nkosi, sinombulelo ngesipho sikaThixo, kuba uThixo asinike sona. Nakubeni esi ingabasesinye, njengoko sikholwa ezintliziyweni zethu, enye inkolelo yobuhedeni yomhla abathi bazama ukuyibumba baze bayenze ifane nomthendeleko—nomthendeleko, umthendeleko kaKristu, kodwa asizi ngala ndlela kaSanta Claus nemithi yeKrismesi ne—nemihombiso. Kodwa siza eGameni leNkosi uYesu, ukuza kunqula uThixo weZulu, owenziwa wasenyameni, inyama njengathi, waze wahlala phakathi kwethu, ukuza kusikhulula ngentlawulelo; kwaye ukuva ungcikivo lweGama,

ukuva ungcikivo lomnqamlezo, ukuvumela iziko lehlabathi libeke u-Imanuveli ekufeni, ukuze Yena asizise kuBomi obunguNaphakade.

³⁰⁴ Singoobani, Nkosi? Singoobani, ukuba singacwezela naluphi ungcikivo? Thixo, senze amagorha amajoni. Ndinikela lamazwi kuWe, Bawo. Angabe aphukile; ndidinwe kwaye ndiphele njengoko ndinjalo. Kodwa, Bawo, vuza aba bantu ngokuhlala apha kwaye bamamele. Kwaye anga amandla awathi azisa iNkosi yethu, ayizisa Yona kuthi apha ukuba nguMsindisi, kule mihla yokugqibela, Yanga ingavuselela wonke umoya apha, Nkosi, ekusondeleni koKuza kweNkosi uYesu. Yanga inga njalo, Bawo.

³⁰⁵ Philisa abagulayo nabaxhwalekileyo abaphakathi kwethu. Bopha abantliziyo-zaphukileyo. Nkosi, thina si... Siphumele kokungako ukubakuninzi, intliziyo yam inamanxeba amaninzi kuyo, Nkosi, ngenxa yamadabi anzima. Ndiliqhawe elidala. Ndincede, Nkosi. Ndinga uncedo Lwakho. Mhlawumbi zonke ezi ngqeqesho zibe ngokwenjongo. Ndiyathemba ibe injalo, Nkosi. Ndincede, Owu Thixo. Kwaye uncede eli bandla. Uze usisikelele, ngokuhlangeneyo.

³⁰⁶ Sikelela abantwana abancinci. Ndinga ngabaninzi namhlanje, abahluphekileyo abafu abacinci abayi kufumana nanto phaya. Kwaye ndi—ndiyathandaza ukuba Uyakuba nabo kwaye ubancede. Banike uBomi obunguNaphakade, Nkosi. Oko kokukhulu... Eso sisipho eSikhulu seKrisimesi esisifunayo, buBomi bukaYesu Kristu bulawule kwaye buphathe entliziyweni yam. Oko koko ndikufunayo, Nkosi.

³⁰⁷ Sisikelele, ngokuhlangeneyo ngoku. Sinikela la Mazwi kuWe. Wenze awele naphina anokuwela, Nkosi. Naphina apho iintliziyo zivulayo, anga angazisa ixesha elikhulu losindiso, eGameni likaYesu. Amen.

³⁰⁸ Nabani... Bangaphi abamthandayo? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.] Ukuba kokunjalo ukungxama, nakanjani? Owu, ndiyaMthanda! ndiyaMthanda. "Nkosi, yintoni Wena ongathanda ndiyenze?"

³⁰⁹ Musani ukulibala iinkonzo ngobubusuku. Niyazi iKrisimesi ithetha ntoni ngoku? Owu, *Esi* sisipho sam seKrisimesi. *Eli* leliya Lizwi. Nkosi, ukuba nje ndingazenza, ukuba nje ndingazikhupha endleleni ukuze iLizwi Lakho liYivakalise, Ngokwalo khona *apha*, leyo—leyo yeyona nto inkulu endiyaziyo.

³¹⁰ Ngoku ndicinga banezinto abafuna ukuzinikeza ebantwaneni. Ngoku ndiyakubuyisela inkonzo emva kuMzalwana uNeville. UThixo anisikelele.

Mzalwana uNeville.



INGCIKIVO NGENXA YELIZWI XHO62-1223
(The Reproach For The Cause Of The Word)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi kusasa ngeCawa, ngoDisemba wama-23, 1962, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org